

UKUKHETHWA KOMTSHAKAZI



Abantu abaninzi abagulayo. Andinakufikelela kubo bonke ngaxeshanye. Kodwa, mamelani.

² Ndivuya ngokuqinisekileyo ukuba lapha kwakhona, ngobubusuku, kweli holo lihle labaphulaphuli, phakathi kweli qela labantu abalungileyo. Kwaye sasisiza ngaphakathi, ngaphandle phaya, kwimizuzu embalwa egqithileyo, abantu beme phandle esitratweni bathe bebengenakho ukungena ngaphakathi. Ndaze ndathi, “Kulungile, mhlawumbi ndinganifumanela igumbi elithile.” Kwaye babengayi kubavumela ukuba bahle beze. Ke ndiyaxolisa asinagumbi laneleyo ukwenzela bona. Bathi indawo engaphantsi igcwele, ngokunjalo. Kwaye ngoko siyaxolisa malunga noko. Kodwa siyavuya ukuba lapha, kwaye sivuya ukubona onke la maqela alungileyo abashumayeli, amadoda angosomashishini apha, nani nonke bathunywa abasuka kwezahlukeneyo iindawo zelizwe.

³ Ndibe nenyhweba enkulu yokuthetha ngale ntsasa kwisidlo sakusasa, ntoleyo endiyixabise ngokuqinisekileyo ukuba liwonga ukuthetha phambi kwabo bantu balungileyo. Bendikumxholo we: *Ikhasi Alinakudla Ilifa Kunye Ne Ngqolowa*. Andikhange ndifikelele ekuyigqibeni. Kwaye yayingelilo i—ityala lomzalwana. Uzamile ukumenza umphathi ukuba asiyeke sihlale ixeshana elide, kodwa ebengenakho ukuyenza lonto. Ndiyayincoma ngokuqinisekileyo lonto, Mzalwana uDemos. Lonto ilunge kakhulu, kakhulu. Ndiyakubulela ngenene ngobubele bakho, naye wonke ubani. Kodwa babengafuni kusivumela nje ukuba siyenze. Ke kwafuneka nje si—kwafuneka sivale. Ndiyakukugqibezela oko, ngelinye ixesha, ukukugqiba oko: *Ikhasi Alinakudla Ilifa Kunye Ne Ngqolowa*. Ningaba niyiqondile, nina ababelapha? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ndinqwenela ukuba bekwanele ukuze ibenokuqondwa.

⁴ Ngoku, ndiyazi, ngobubusuku, kukho uluhlu, kananjalo, ke andifuni kunigcina apha ithuba elide ukuze nikuphose oko. Ngokuba, ndiyacinga ukuba oko bekuxabisekile ku—kumakholwa angabantu bakwaMoya, olwa luhlu silubonileyo ngobunye ubusuku. Elihle lona igquba labantu, ezona zimangalisayo iimpundulo, zingqalile. Indenza ndizive kamnandi, ukubona oko. Ndiyathemba ukuba iNkosi iyakukusikelela, ngobubusuku. Kwaye nabanina okhangeleyo, banga bangakholelwa. Lowo iyakuba ngumthandazo wam onyanisekileyo.

⁵ Kwaye iingxelo ezininzi zingena, namhlanje, zisuka kwimbalelwano kunye neminxeba, yabaninzi abaphilisiweyo kulo mhlangano. Bendivuya kakhulu ngoko. Oko, oko koku, ukubona abantu begula, olo luhlobo lolungiselelo lwam.

⁶ Ndi—ndinyuka ndize apha ukuza kushumayela. Mna, niyazi, andingomshumayeli. Kodwa mna, kunye nale, igrama yam yase Kentucky, “aka, zukuba” kunye—kunye nawo onke loo magama, ke andi—andinakutsho njengabo sibabiza abashumayeli balemhla yanamhlanje. Andi—andinakuyithabatha laa ndawo, ngokuba andi—andinamfundo.

⁷ Kodwa ndiyakuthanda ukuvakalisa oko ndikwaziyo malunga Nayo, kwabanye, okanye endiziva ngayo ngoko ndikwaziyo malunga Nayo, kwabanye, indlela endiyifunde Ngayo, indlela Ayiyo kum. Ububomi bam bonke, konke oko ndinokulindela kube kuko, kwaye ngaphezulu kunoko ndakhe ndakucinga, okokuba ndingaze ndibe nomhlobo, ngakumbi, emhlabeni, xa ndandiyinkwenkwe encinane. Kodwa ndinombulelo ngenene ngezihlobo ezikhulu namhlanje.

⁸ Ndi...[Umzalwana uthi, “Banengxaki yokuva emva phaya, Mzalwana uBranham. Sondela.”—Mhl.] Owu, ndicela uxolo. Ndi—ndingaphandle kwengqwalasela apha, endaweni ethile, utshilo.

⁹ Ngoku, ukubuyela ngqo kwinkonzo, masityhile ukwenzela izifundo zesiSibhalo. Ndi—ndisoloko ndithanda ukufunda iBhayibhile, ngokuba iLizwi likaThixo. Ndiyayikholelwa lonto. Kwaye Yona ukuba lelingenakuphosisa iLizwi likaThixo. Kwaye ngoku ndinezimbalwa iZibhalo ezibhalwe phantsi apha, kunye nemibhalwana endingathanda ukubhekiselela kuyo, okwemizuzu embalwa, mhlawumbi amashumi amane anesihlanu emizuzu.

¹⁰ Kwaye emva koko siyakuphuma ngexesha ukuya kubona olu lumangalisayo uluhlu kwakhona ngobubusuku. Kwaye ndiyathemba ukuba uThixo uyakuqhubeka enisikelela ukubheka phambili. Kwaye ndiyakwazi enifuneka nikwenze. Kwaye ndifanele ndiqhube ndiye eTucson, futhi, ngobubusuku, yabona, ke ninokucinga. Kukuqhuba iiyure ezilishumi.

¹¹ Kwaye ndiyemka ndiya phesheya kweelwandle, kwaye kusafuneka ndifumene ugonyo lomkhuhlane kuvavanyo kusasa kurhulumente. Ke ku—kufuneka ndifike phaya. Ndibenalo urhoxiso, ngenye imini, kwaye abasayi kuthatha hayi “hayi” njengempendulo ngoku. Kwaye ndinenye ngaphezulu yominxano lwemihlathi kunye ne yesifo sentwala ekufuneka ndiyithathe, kunye nezitofu zokuxhasa zam.

¹² Ke, ndiyabulela kakhulu ngelithuba, kunye—kunye nalomhlangano mhle sibe nawo phambi kwekomfa. Iye yayivuyisa ngenene intliziyo yam. Niligquba elilungileyo labantu. Ndiyathemba ukuba uThixo uyakunisikelela.

¹³ Xa iyure enkulu ithe...Ela gongqongqo likhulu lilele ngaphaya, elite labhabhela ngaphaya e-Alaska, kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, liphose umsila walo phezulu kwakhona ngale ntsasa, kude malunga, ukuhla

ukuya eWashington. Linokuza ngale ndlela, ngamandla lula. Kwaye ukuba uMoya oyiNgcwele ukhe wandixelela ngokuqinisekileyo. . .

¹⁴ Umntu othile ebephendula. . .endibuza ukuba, “Ingaba izakwenzeka apha, Mzalwana uBranham?” Hayi, andiyazi lonto. Andiyazi nje, ndide ndibe nokuyazi. Leyo yinyaniso.

¹⁵ Ndisoloko ndifuna ukunyaniseka kuni. Andizukuqikelela, thatha izimvo zam, okanye ezinye, oko ndikukholelwayo, okanye into ethile enjalo. Xa ndikuxelela, izakwenzeka. Kulungile, kufanele Andixelele, kuqala, kwaye emva koko ndiyakunixelela. Ndi—ndiyazi ukuba ihlabathi lonke likwimeko yokungangcazela. Sisekupheleni kwexesha. Kodwa into enye endizame uku. . .

¹⁶ UMzalwana uShakarian ebesithi ngale ntsasa, indlela awayethanda ukuya ngayo kwimigca yokuthandazelwa, kwaye afike phaya aze afumane loo makhadi ngaphambi kokuba abantu baze, aze awajonge, ukuze abone okokuba—okokuba ndibaxelele oko bakubhalileyo khona phaya. Babhala zonke indidi zezinto kumakhadi abo okuthandazelwa, uyazi, kwaye wayefuna nje ukubona ukuba yayilungile. Wathi, ekhulwini alihlolileyo, akuzange kubekho nalinye elingalunganga. [UMzalwana uShakarian uthi, “Nalinye elingalunga.”—Mhl.] Akusayi kuze kubekho nalinye elingalunganga, yabona, ngokuba, okokoko—okokoko inguThixo. Ukuba ndikhe ndazinyanzela kuyo, ngoko ayilunganga kanye apho okokuqala.

¹⁷ Intwazana encinci oyise ohleliyo, iphulaphule kum ngoku, yeza kum, kungekudala kwixa eligqithileyo. Yayinephupha. Yathi, “Mzalwana uBranham, lithetha ntoni eliphupha?”

¹⁸ Ndathi, “Andilazi, dade. Kuyakufuneka ndilikhangele, ukuba iNkosi iyakundixelela.” Ke ndahamba ndazama ukucela iNkosi, kwaye Akazange andixelele.

¹⁹ Intwazana encinci yabuya kwakhona. Yathi, “Heke, ngoku luphi utoliko lwephupha lwam?”

²⁰ Ndathi, “Yiza apha, sthandwa, hlala phantsi.” Ndathi, “Utata wakho nomama wakho ngabahlobo bam abalunge kakhulu. Yabona? Kwaye basuka kude eCanada, bathathe umhlala phantsi, baza baphambukelela apha kunye nam. Bayayikholelwa lento, oko ndizama ukutsho. Kwaye andizange nditsho nanye into engalunganga nakubani, ngejongo, ebomini bam. Ukuba ndi. . . ndicinga ndiyalazi ukuba iphupha lithetha ntoni. Kodwa ndide ndilibone ela phupha ngokwam, kuze emva koko Andixelele elikuthethayo, andinakuxelela. Yabona, ukuba ndiqweba nje into ethile, kusenokubakho ixesha apho undifunayo phakathi kobomi nokufa, ngoko akusayi kwazi nokuba undikholelwe okanye hayi.”

²¹ Ukuba ndikuxelela nantoni na eGameni leNkosi, iyiyi loo nyaniso. Ngulowo Undixelele lonto. Kwaye okwangoku, kuyo yonke le minyaka, kwihlabathi lonke, kunye nasekujikelezini ihlabathi, Ayizange yaphosisa nangexesha elinye. Kuba... Kwaye, ngoku, uyazi umntu akanoba njalo ukungaphosisi. Kuthabatha uMoya kaThixo ukuyenza lonto.

²² Kwaye ngoku ndinoMyalezo endinoxanduva ngawo. Kwaye kumaxesha amaninzi bendibonwa, phakathi kwabantu, kulungile, mhlawumbi umntu othile ongakhange nje ahlale phantsi aze acinge umzuzu, kuba ndandingumntu o—o, owu, umntu ombi, lonto ndingabathandi abantu, kwaye bendisoloko ndibanqqa. Kwaye oko akunjalo. Oko akunjalo. Ndiyabathanda abantu. Kodwa, niyazi, ukuba uthando luyalungisa.

²³ Ukuba inkwenkwana yakho encinci ibihleli esitratweni phandle phaya, kwaye uthe, “Junior, sthandwa, andikufuni phandle phaya, kodwa...” Kwaye iimoto zimpopozela, kwaye umngenise ngaphakathi. Abaleke abuyele kwakhona phandle. Kutheni, kufanele umlungise. Ukuba uyamthanda, uyakuyenza. Ufanele uyenze.

²⁴ Ukuba ubona umntu edada esihla ngomlambo, esiya ngasengxangxasini, ngomkhombe omncinci, usazi ukuba lamkhombe mncinci uyakuzika xa efika ezingxangxasini, ungathi, “John, u, mhlawumbi kufanele ucinge ithutyana, mhlawumbi ungangaphumeleli?” Ukuba uyayazi ukuba akazukuphumelela, ndiyakuphantse ndimtsale ndimkhuphe emkhombeni, ukuba ndinakho, ngokuba luthando oluyenzayo lonto.

²⁵ Kwaye ngoku, kuleMiyalezo endiyithethayo, andizange ndizame ukuzisa nanye imfundiso, okanye njalo njalo. Ndi—ndikwenza oko ebandleni lam. Kodwa ngaphandle apha phakathi kwamadoda nabafazi abangamahlelo ahlukeneyo kunye neembono ezahlukeneyo, ndizama nje ukuthatha isimo esisembindini, ndicacise; kodwa ngokwaneleyo apho ukuba uzalwe ngoMoya kaThixo, ndiyakholwa uyakukuqonda endikuthethayo, phakathi kwabantu abangamaKristu, amaMethodisti, Bhaptizi, Rhabe, nabanye.

²⁶ Ngoku, ngobubusuku, ndifuna ukutyhila kwiGenesis, isahluko 24. Ndifuna ukufunda e...kuqalekeni kunye nomqolo 12 wesahluko 24 yeGenesis.

Waze wathi, Owu YEHOVA Thixo...wenkosi yam u-Abraham, ndiyakuthandaza, mawundithamsanqele namhla, uyenzele inkosi yam u-Abraham inceba.

Yabona, ndimi apha ngasemthonjeni wamanzi; kwaye iintombi zabantu balo mzi ziyaphuma ziza kukha amanzi:

Ke makwenzeke, ukuba intombi endothi kuyo, Khawuthobe umphanda wakho, ndiyakuthandaza, ukuze ndibe nokusela; kwaye iyakuthi, Sela, kwaye neenkamela zakho ndoziseza: mayibe yiyo oyimisele umkhonzi wakho u-Isake; kwaye ndiyakuyazi mna ngoko ukuba undenzele inceba kwi...kuyo inkosi yam.

²⁷ Kwaye kwiNcwadi yeZityhilelo. Leyo yeyokuqala kwiBhayibhile, iGenesis. Ngoku, ekugqibeleni kweBhayibhile, ndifuna ukufunda kwisahluko 21 seZityhilelo, kunye nomqolo 9.

²⁸ Siyasazi ngoku esiSibhalo seGenesis apha...Ungafunda isahluko, sonke ukuba uyathanda. NguThixo ethuma u-Elieyere. Okanye, u-Abraham ethumela u-Elieyere, uxolo, ukuya kukhethela u-Isake umtshakazi. Kwaye uRebheka omhle wavela, kwaye kwimpendulo egqibeleleyo kumthandazo lowo—lowo u-Elieyere, isicaka sika Abraham, wayesandula ukuwuthandaza.

Ngoku kummqolo 9 wesahluko 21 seZityhilelo.

Kwaza kweza kum esinye sezithunywa zezulu ezisixhenxe ezineengqayi ezisixhenxe zizele zizibetho zosisixhenxe zokugqibela, sathetha nam, sisithi, Yiza apha, kwaye ndiyakukubonisa umtshakazi, umfazi wayo iMvana.

²⁹ Ngoku ndifuna ukuthabatha umxholo, ngobubusuku, ukwenzela oko: *Ukukhethwa KoMtshakazi*. Kwaye yilena, ukuba umzalwana oshicilelayo apha angayenza, lena yiteyiphu ongaqhubeka uze uyikhuphe.

³⁰ Kwaye ngoku, koku, akuthethi ncam ukuba ndithetha oku kwelibandla likhona, kodwa ezi teyiphu zijikeleza ilizwe. Ziyaguqulelwa, ngokuphathekayo, owu, ezininzi iilwimi, nkqu nakwimihlaba yabahedeni kwilizwe jikelele. Sibathumelela iiteyiphu, simahla, kwimibutho yamabandla. Kwaye ziyaguqulelwa. Kwaye konke ukuya kumahlathi ase-Afrika, kunye nase-Indiya, kunye naselizweni jikelele, ziyaya ezi teyiphu.

Ngoku, ukukhethwa koMtshakazi!

³¹ Kwizinto ezininzi zobomi sinikwa ukhetho. Indlela yobomi, ngokwayo, lukhetho. Sinelungelo lokwenza indlela yethu, sikhethe indlela yethu esifuna ukuyiphila.

³² Imfundo lukhetho. Singakhetha okokuba siyakufunda, okanye asiyi kufunda. Olo lukhetho esinalo.

³³ Ukulunga nokungalungi lukhetho. Yonke indoda, wonke umfazi, inkwenkwe kunye nentombi, kufanele akhethe okokuba bayakuzama ukuphila ngokulungileyo okanye bangaphili ngokulungileyo. Lukhetho.

Ukhetho yinto enkulu.

³⁴ Isiphelo sakhosaphakade lukhetho. Kwaye mhlawumbi, ngobubusuku, abanye benu bayakwenza olo—olo khetho, lokuba uyakumchithela phi uNaphakade, ngaphambi kokuba lenkonzo iphele ngobubusuku. Kuyakubakho ixesha, lokuba, wale uThixo amaxa amaninzi, kuyakubakho ixesha oyakumala Yena ixesha lokugqibela. Kukho umda phakathi kwenceba kunye nomgwebo. Kwaye yinto eyingozi kakhulu ukuba indoda okanye umfazi, inkwenkwe okanye intombi, inyathele inqumle loo mda, kuba akukho kubuya xa unyathele wanqumla loo mda wokufa. Ke, ngobubusuku, ingaba lilixa apho abaninzi bayakwenza esabo—esabo isigqibo, ngokwalapho bayakuchithela khona ongapheliyo uNaphakade.

³⁵ Kukho olunye ukhetho esinalo ebomini, olo li, iqabane lobomi. Umfana okanye intokazi, ifikisa ebomini, i—inikwe ilungelo lokwenza ukhetho. Umfana uyakhetha. Intokazi inelungelo lokwamkela okanye yale. Kodwa iselukhetho, macala omabini. Bobabini indoda kunye nomfazi, banelungelo lokukhetha.

Ngokunjalo, unokhetho, njengomKristu.

³⁶ Unokhetho lwebandla, apha eMerika, okwangoku, apho ungaya khona. Lilungelo elilodwa lakho laseMerika, ukukhetha naliphi ibandla ofuna ukuhamba kulo. Olo lukhetho. Akunyanzelekanga ukuba uye nakweliphi, ukuba akufuni. Kodwa ukuba ufuna ukutshintsha ukusuka eMethodisti uye eBhaptizi, okanye eKatolika uye eProtestanti, okanye njalo njalo, akukho mntu unokuxelela okanye akwenze ukuba uze nakweliphi ibandla elithile. Leyo yinkululeko yethu—yethu. Yilonto intando yesininzi yethu iyiyo. Wonke umntu angazikhethela. Inkululeko yezenkolo, kwaye leyo yi—yinto enkulu. UThixo makasincede siyigcine kangangoko sinakho.

³⁷ Unalo ngokunjalo ukhetho. Nokuba...Xa ukhetha eli bandla, ungakhetha nokuba u, kweli bandla, nokuba uyakukhetha ibandla eliya kukhokelela kwisiphelo esinguNaphakade. Ungakhetha ibandla elinomgaqo othile, onokucinga ukuba la mgaqo yilonto nje uyifunayo. Okanye, elinye ibandla linomgaqo walo.

³⁸ Kwaye ngoko nalo iLizwi likaThixo, unokhetho ngalo. Kufanele wenze ukhetho.

Kukho umthetho ongabhalwanga phakathi kwethu, wokukhetha.

³⁹ Ndiyakholwa yayingu Eliya, ngelinye ixesha, phezulu kwiNtaba yeKarmele, emva kongquzulwano, kwiyure enkulu kaxakeka esimalunga nokufika kuyo kanye ngoku. Mhlawumbi, ingaba kuwe okanye kum, ngobubusuku, yokuba senze olukhetho, njengamava eNtaba yeKarmele.

Ngokuphandle, ndicinga ukuba iyaqhubekeka, kwilizwe lonke, ngoku. Kodwa kwamsinya kuyakubakho ixesha apho kuyakufuneke ukuba wenze ukhetho.

⁴⁰ Kwaye nina bantu apha, bamabandla amahlelo, kholelwani nje oku, ukuba iyure ikuni kanye, xa niyakulwenza ukhetho. Ningaba niyakuya kwiQumrhu leLizwe, okanye anisayi kuba lihlelo kwakhona. Kuyakufuneka nikwenze oko, kwaye olokhetho luyeza kwamsinya.

⁴¹ Kwaye yinto eyingozi ukulinda de kube yila yure yokugqibela, kanjalo, ngokuba ungathabatha kwinto ongasokuze uzixibilile kuyo. Niyazi, kukho ixesha xa unokulunyukiswa, emva koko, ukuba unyathela unqumle loo mda wokulunyukiswa, ngoko sowuphawulwe kwelinye icala, uphawuliwe.

⁴² Khumbula, xa unyaka wesikhumbuzo usiza, kwaye u-umbingeleli ekhwele nexilongo lakhe evakalisa, ukuba lonke ikhoboka lingakhululeka. Kodwa ukuba ayala ukwamkela inkululeko yawo, ngoko kufanele athatyathwe asiwe etempileni, emgubasini, ize inyatyhoba imgqobhoze indlebe, aze emva koko akhonze inkosi yakhe okoko. Yayifakwa endlebeni yakhe njengomfuziselo, wokuva. “Ukholo luza ngokuva.” Waliva ela xilongo, kodwa akazange afune ukuphulaphula kulo.

⁴³ Kwaye amaxesha amaninzi, amadoda kunye nabafazi bayayiva iNyaniso kaThixo, baze bayibone Yona ingqinelwa kwaye ibonakaliswa, iNyaniso, kodwa noko abafuni kuyiva Yona. Kukho ezinye izizathu. Kukho olunye ukhetho abanalo, kunokuba bajongane neNyaniso kunye nenene, ngenxa yoko iindlebe zabo zingavaleka kuyo iVangeli. Abasayi kuyiva kwakhona Yona. Icebiso lam kuwe, xa uThixo ethetha kwintliziyo yakho, yenza ngoko nangoko.

⁴⁴ U-Eliya wabanika ukhetho ababefanele balwenze: “Zikhetheleni namhlanje eniya kumkhonza. Ukuba uThixo nguThixo, khonzani Yena. Kodwa ukuba uBhahali nguThixo, khonzani yena.”

⁴⁵ Ngoku, njengokuba sibona ukuba zonke izinto zendalo ngumfuziselo wezinto zikamoya, njengoko sigqithile kuyo kwisifundo sethu ngale ntsasa, njengelanga kunye nendalo yalo. Leyo yayiyiBhayibhile yam yokuqala. Ngaphambi kokuba ndafunda nephepha kwiBhayibhile, ndandimazi uThixo. Ngokuba, iBhayibhile ibhalwe kuyo yonke indawo kwindalo, kwaye ingqamane nje kunye neLizwi likaThixo: indlela ukufa, ukungcwatywa, uvuko lwendalo; kunye nelanga liphuma, linqumla, litshona, lisifa, livuka kwakhona. Zininzi izinto esinokufuzisela, uThixo kwindalo, ekufuneka sizitsibe, ngenxa yaloMyalezo.

46 Ngoku, ukuba okomoya; okanye, okwendalo kungumfuziselo wokomoya, emva koko, ukukhethwa komtshakazi, kwindalo, ngumfuziselo wokukhethwa koMtshakazi, uMtshakazi, ngokuka moya.

47 Ngoku, yinto enzima xa sisiya kukhetha umfazi, indoda, izifungo apho ngu kude ukufa kusahlule. Yiloo ndlela ekufanele siyigcine. Kwaye nithabatha esasifungo phambi koThixo, sokuba kukufa kodwa okuyakunahlula. Kwaye ndiyacinga sifanele. . . Indoda ikwingqondo yayo elungileyo, eceba ikamva, ifanele imkhethe la mfazi ngobulumko kakhulu. Lumka ngento oyzenzayo. Kwaye umfazi ekhetha umyeni, okanye esamkela ukhetho lomveni, kufanele alumke kakhulu ngento ayenzayo, kwaye ingakumbi kule mihla. Indoda kufanele icinge kwaye ithandaze ngaphambi kokuba ikhethe umfazi.

48 Ndinga, namhlanje, yeyiphi enamatyala oqhawulo lwemitshato emininzi ngoku, ukuba sikhokela ihlabathi eMerika, kumatyala oqhawulo mtshato. Sikhokela ihlabathi lonke. Kukho emininzi imitshato eqhawulwayo apha kunako nakweyiphi enye indawo, eli lizwe, kwaye lifanele ukuba libe, kwaye cinga nge, isizwe sobuKristu. Elinjani ihlazo, iinkundla zethu zoqhawulo mtshato! Ndinga, isizathu sawo, kungokuba la ndoda imkile kuThixo, kwaye umfazi umkile kuThixo.

49 Kwaye siyafumana, ukuba, xa indoda ithandazile kwaye umfazi ethandazile ngawo umba; hayi nje ukujonga amehlo amahle, okanye amagxa amakhulu, okanye oko kunjalo, okanye okanye okuthandwa lihlabathi; kodwa ungajonga kuqala kuThixo, uze uthi, “Thixo, ingaba eli licebo Lakho?”

50 Ndinga, namhlanje, kukho okuninzi okukhulu ukuqhatha, kanye nje ngasesikolweni. Xa—xa abantwana besiza, ngayo intsasa, abantwana abaninzi engingqini, aba—abazizi hlobo zam, bayakuza baze bathi, “Mzalwana uBranham, ungasithandazela? Sino—uvavanyo namhlanje. Ndi—ndisebenze ubusuku bonke, kwaye andikhangeleki ukuba ndinganakho—nakho ndiyifumane izinze. Ndithandazele.” Ndinga ukuba nawuphi umntwana wesikolo, ukuba uyakuyenza, ukuba. . . Kwaye abazali etafileni yentsasa: ungathi, “Mama, uJohn unovavanyo namhlanje. Masimthandazele ngoku.” Ndinga iyakubetha konke oko ubunokukwenza nakweyiphi na enye indlela, okanye ukujonga ngaphaya kwiphepha lomnye umntu kwaye usenze amaqhinga. Ndinga ukuba uthi uze nje kwaye uthandaze ngawo umba.

51 Kwaye ukuba besiya kufundisisa oko sikwenzayo xa siza kutshata, xa sikhetha amakhosikazi ethu, abayeni bethu, ukuba besinokufundisisa kakuhle! Indoda kufuneka ithandaze ngokunyaniseka, ngokuba inokonakalisa ubomi bayo bonke. Khumbula, isifungo ngu “side sahlulwe kukufa,” kwaye angabonakalisa ubomi bakhe ngokwenza ukhetho

olungalunganga. Kodwa ukuba uyazi yintoni, wenza ukhetho olungalunganga kwaye utshata umfazi ongalungelanga ukuba ngunkosikazi wakhe, kwaye uyakwenza oko nakanjani, ngoko lityala lakhe. Ukuba umfazi uthabatha umyeni kwaye esazi ukuba akalungelanga ukuba ngumyeni kuwe, ngoko ke lityala lakho, emva kokuba wazile kokuphi okulungileyo nokungalunganga. Ke, akufanelekanga uyenze ude ube uthandazisile.

⁵² Kwa into enye iyasebenza ekukhetheni ibandla. Ngoku, kufuneka uthandaze ngebandla odlelana kulo. Khumbula, amabandla athwala umoya.

⁵³ Ngoku, andifuni kugxeka. Kodwa ndiqaphele ukuba ndiyindoda endala, kwaye kufuneka ndimke apha, ngenye yezi mini. Kwaye ndifanele ndiphendule ngoMhla woMgwebo ngoko ndikutshiloyo ngobubusuku okanye nangeliphi ixesha. Kwaye ndi, ngenxa yoko, kufanele ndinyaniseke ukufa kwaye ndiqiniseke ngokuyinyani.

⁵⁴ Kodwa, uya ebandleni, kwaye ukuba uqwalasela isimilo selo bandla, bukela nje umalusi ixeshana, kwaye uyakusoloko ufumanisa ukuba ibandla lenza njengo malusi. Ngelinye ixesha, ndiyamangala ukuba asifumani umoya womnye umntu endaweni kaMoya oyiNgcwele. Ufika kwindawo apho umalusi arhabaxa ngenene kwaye eqhubeka, uyakufumana ibandla liyindlele enye. Ndiyakuzisa kwibandla apho ndibone umalusi emile, atyhalele intloko yakhe ngasemva nangaphambili. Qaphela ibandla, lenza kwa into enye. Uthabatha umalusi, ebimbhiliza nje yonke into, ngokuqhelekileyo ibandla liyakwenza kwa into enye. Ke, ukuba bendikhetha ibandla, bendiyakukhetha elinyanisekileyo, elinesiseko, iVangeli eGcweleyo, ibandla leBhayibhile, ukuba bendikhetha elinye endiyakubeka usapho lwam kulo. Khetha. Ndajonga. . .

⁵⁵ Amakhwenkwe, ngenye imini, unyana kaMzalwana uShakarian kunye nomkhwenyana wakhe, bandithabatha phezulu apha ukuya kuthandazela umfo omncinci, imvumi, ityendyana lenkwenkwe. Ndisandula ukubuya. . . uFred Barker, yayiligama lakhe, ndisandula ukubuya ndisuka eluhambeni. Baza bandibiza, ukuba, “uFred wayesifa.” Kwaye ngoko, ’phambi kokuba ndibe nokungena endlwini, omnye umyalezo wafika, “Angabe selefile kanye ngoku.” Kwaye waye enako u—ukopha ebuchotsheni, kwaye wayekhubazekile, kwaye—kwaye esifa, waye umfazi wakhe efuna ndimthandazele.

⁵⁶ Kwaye ndacinga, “Owu, ukuba ndizame ukubhabha, uyakube efule ’phambi kokuba ndifike phaya, kwaye mhlawumbi ufule ngoku.” Ke, ndatsala umnxeba ngokukhawuleza ndaza ndafumana inenekazi elincinci emnxebeni. Kwaye—kwaye senza ukuba umnxeba mawubekwe,

kwaye endlebeni kaFred. Wayengenakho ukuginya. Babemnika okungeyondalo ukuginya. Kwaye xa sathandazayo ngaye, wathi, wawangazelisa, mayisuswe emqaleni wakhe. Wayenakho ukuginya. Oogqirha zange bakholelwe. Bayisusa, kwaye wabanakho ukuginya. Wayehleli, ngenye imini.

Ibandla; ukukhetha ibandla.

⁵⁷ Umnxeba wangena nje, kulithuba eligqithileyo. Ngale ntsasa, ilungu lebandla lam, onguye ngenene umBhaptizi ophuma eLouisville, ufe ekuseni ngale ntsasa. Kwaye ibandla lam ekhaya, iqela lenene lamadoda azinikeleyo, azihlanganisa kunye kwaye ehla, ngaphambi kokuba umngcwabi amqhole, lema phezu kwakhe, lathandaza bade ubomi babuyela kuye. Kwaye uyaphila, ngobubusuku. Amadoda amakhulu ebandla lam, kutheni, ayefundisiwe ukukholwa ukuba zonke izinto ziyenzeka, yiza kuThixo ngokunyanisekileyo.

Ke, kufuneka wenze ukhetho olulungileyo.

⁵⁸ Kwakhona, uhlobo lomfazi eyakuthi indoda imkhethe, uyakubonisa iminqweno kunye nesimilo sayo. Ukuba indoda ikhetha umfazi ongalunganga, ibonakalisa isimilo sayo. Kwaye oko azibophelela kuko, kubonisa ngenene oko kukuyo. Umfazi ubonakalisa oko kusendodeni xa ikhetha yena ukuba abe ngunkosikazi wayo. Ibonakalisa yintoni esezantsi kuyo. Akukhathaliseki nokuba ithini ngaphandle, qaphela oko ikutshatayo.

⁵⁹ Ndingena kwi ofisi yendoda, kwaye yathi inguMkristu; kugqojozelwe kwidonga lonke, lowa umdala uboogie-woogie womculo uqhubeka. Andikhathali nokuba uthini. Andibukholelwa ubungqina bakhe, ngokuba umoya uzondla kwezo zinto zehlabathi. Intoni, uthi, ukuba uyakutshata umlonjikazi wentombi, okanye kungathini ukuba unokutshata ikumkanikazi yesondo, okanye nje omhle, walemihla uxengaxengayo? Iyabonisa. Ibonisa oko anako engqondweni yakhe, okokuba liyakuba yintoni ikhaya lakhe elizayo, ngokuba umthabathe ukuba akhulise abantwana bakhe ngolwahlobo. Kwaye nantoni na ayiyo, yiloo ndlela ayakukhulisa abo bantwana. Ke, ibonakalisa oko kusendodeni. Indoda ethabatha umfazi ngolwahlobo, ibonisa nje ukuba icinga ntoni ngexesha elizayo.

⁶⁰ Ungafane ucinge umKristu esenza into efana naleya? Hayi, mhlekazi. Andinakho. UmKristu onyanisekileyo akanakukhangela iikumkanikazi ezinjengezo, kunye nemilonjikazi, kunye nekumkanikazi zesondo. Uyakujonga isimilo sobuKristu.

⁶¹ Ngoku, akanakuba nazo zonke izinto. Kunokubakho ibe nye intombi enokuba ntle ngenene. Kwaye enye intombi, mhlawumbi i... inkangeleko ikhangeleka ngcono kuna le. Kwaye kunganyanzeleka uncame enye ngenxa yenye, kodwa,

ukuba asiyiyo inkangeleko yenenekazi, yobufazi. Kwaye, u . . . andikhathali nokuba intle okanye hayi. Kungcono ukhangele kwisimilo sayo, nokuba intle okanye ayintlanga.

⁶² Ngoku, ngayo, iyenzeka, xa umKristu eyakuthabatha unkosikazi, kufanele akhethe onyanisekileyo, ozalwe ngokutsha umfazi, kungakhathaliseki nokuba ukhangeleka njani. Yinto ayiyo, emenza yena. Kwaye ngoko, kwakhona, oko kubonisa isimilo sakhe sobuthixo, kwaye ibonise oko kusengqondweni yakhe noko kuyakuba kuko kwixesha elizayo, ngokuba usapho lwakhe luyakukhuliswa ngonjalo umfazi, esenzela amalungiselelo exesha elizayo losapho lwakhe.

⁶³ Ukuba utshata omnye waba bancinci oxengaxengayo, ookumkanikazi besondo, yintoni anokuyilindela? Likhaya elinjani indoda enokulilindela? Ukuba utshate intombi engenayo eyoneleyo imfundiso yokuziphatha malunga nokuhlala kwakhe endlini nokuhoya indlu, kwaye afune ukusebenza ngaphandle e-ofisini yomnye umntu, luhlobo olunjani lomgcini khaya ayakuba nguye? Uyakuba nabagcini bantwana kunye nayo yonke enye into. Yinyani.

⁶⁴ Ngoku, andikho mde koku kungcamla kwalemihla, kwabafazi abaphangelayo. Xa ndibabona aba bafazi kunye nezi yunifom bezinxibile, beqhuba bejikeleza isixeko, ngezithuthu, njengamapolis, lihlozo nakwesiphi na isixeko esiyakuvumela umfazi enze oko. Yabona? Yabona? Njengobuninzi bamadoda angenamisebenzi, ibonakalisa ukucinga kwalemihla kwesixeko sethu. Ibonisa ukuhla komgangatho. Asifanelanga ukuba sibe nabo abafazi phandle phaya ngolwa hlobo. Abanamsebenzi phandle phaya ngolwa hlobo.

⁶⁵ Xa uThixo wanika indoda inkosikazi, Wamnika eyona nto ibalulekileyo Anokumnika yona, ngaphandle kosindiso. Kodwa xa othile ezama ukuya kuthabatha indawo yendoda, ngoko uba yeyona nto imbi onokuyifumana. Ngoku, injalo. Yabona?

Ngoku sinokubona ukusebenza kokomoya.

⁶⁶ Ndi—ndiyazi ukuba imbi, ucinga ukuba imbi, kodwa yiNyaniso. Asikhathali nokuba imbi kangakanani na, kufanele sijonge kwine. Yilonto iBhayibhile iyifundisayo. Yabona?

⁶⁷ Ngoku, thina apha sibona ngokucacileyo icebo lokomoya, likaThixo icebo leKhaya Lakhe lexesha elizayo kunye noMtshakazi Wakhe wexesha elizayo, esiza ekuhleni ngoku.

⁶⁸ Ukuba indoda itshata ikumkanikazi yesondo, uyabona ukuba ikhangelana ntoni malunga nexesha elizayo. Ukuba indoda itshata umfazi ongasayi kuhlala endlwini, uyabona ukuba ifuna ntoni kwixesha elizayo. Kwaye ndakhe ngelinye ixesha . . .

⁶⁹ Oku kuvakala kakubi kakhulu. Ndiziva nje ndingakutsho. Kwaye ndi—ndi, ngamaxesha amaninzi, ukuba ndiziva ndinokutsho into, kufanele ndiyitsho. Kwaye kusoloko iyindlela kaThixo.

⁷⁰ Nda—ndandiqhele ukuhamba nomfuyi endandisebenza naye, ukuya kuthenga iinkomo. Kwaye ndaqaphela umfo omdala esoloko ejonge nkqo ebusweni bethokazi lenkomo phambi kokuba ayokubiza ixabiso. Emva koko ajike intloko yalo, ajonge ngemva nangaphambili. Ndamlandela ngasecaleni, ndamqaphela. Kwaye wajika walijonga phantsi naphezulu, ukuba lijongeka lilungile, isimo. Ngoko wajika waza walijonga ebusweni, kwaye ngamanye amaxesha ebeya kuhlunguzela intloko yakhe aze emke.

Ndathi, “Jeff, ndifuna ukukubuza into ethile.”

Wathi, “Yitsho, Bill.”

⁷¹ Ndaza ndathi, “Kutheni usoloko ujonge laa nkomo ebusweni?” Ndathi, “Likhangeleka lilungile kum, elungileyo—elungileyo enobunzima inkomo.”

⁷² Wathi, “Ndifuna ukukuxelela, nkwenkwe, unokuninzi ofuneka ukufunde.” Kwaye nda—ndayiqonda emva kokuba wandixelelayo. Wathi, “Andikhathali nokuba lenziwe lanjani. Lingaba lelenyama, elinganiseleka ide iyokufika ezimpuphini. Kodwa ukuba linokuya kundlongondlongo ukujama ebusweni balo, ungaze ulithenge.”

Ndathi, “Kutheni njalo, Jeff?”

⁷³ “Kulungile,” wathi, “into yokuqala yile,” watsho, “alisokuze lizole.” Kwaye wathi, “Into elandelayo yile, alisokuze libe ngunina kwithole layo.” Kwaye wathi, “Balifaka ehokweni ngoku, isizathu sokuba lityebe. Uyalikhulula, ngokwakujonga kundlongondlongo, liyakubalekela ukufa.”

⁷⁴ Ndathi, “Uyazi, ndiye ngohlobo oluthile ndafunda into ethile. Ndiyakholwa oko kuyenzeka nakubafazi, nabo.” Injalo. Injalo.

⁷⁵ Oba bundlongondlongo, ukujama kukaxengaxengayo, kungcono uhlalele kude kuye, nkwenkwe, konke okukhoyo kokuluhlaza phezu kwamehlo akhe. Kwaye andi... Andisayi kukufuna oko. Andicingi ukuba kumfanele umKristu. Andikhathali nokuba umabonakude kunye namaphepha athi intle. Yeyona nto yakhe yambi ukujongeka, umbono owoyikekayo endakhe ndawubona ebomini bam.

⁷⁶ Xa ndaqala ukukubona oko, apha kwiKhefi likaClifton, ngenye intsasa, kwisidlo sakusasa. Ndabona athile awo amanenekazi amancinci esiza. UMzalwana u-Arganbright wayesandula ukungena, kunye nam. Kwaye wayesaye kumgangatho ongasezantsi. Kwaye ndajonga, kwaye laa ntombi yeza yangena. Ndacinga, “Kulungile, a—a—a—andazi.”

Andizange ndiyibone ngaphambili. Yayiluhlobo oluthile. Owu, yayikhangeleka ngathi uchachambile, uyazi, nje uhlobo lokukhangeleka ngokungaqhelekanga. Andikutsho oko ukuba ndihlekise. Ndi—ndiyakutsho. Uyazi, ndibone iqhenqa. Ndiyimishinari. Ndizibonile zonke iindidi zezidalwa, uyazi, zobunjani bezifo. Kwaye ndandizakunyuka ndiye kwinenekazi elincinci ndize ndimxelele, “Ndi—ndi—ndingumshumayeli. Ndi—ndithandazela abagulayo. Unga—ungathanda ndikuthandazele?” Kwaye andizange ndibone into ethile efana naleyo. Kwaye emva koko, nako kusiza ababini okanye abathathu ngaphezulu, bengena. Ndaba nokurhoxa ngoku kwaye ndalinda.

⁷⁷ Kwaye uMzalwana u-Arganbright weza, ke ndathi, “Mzalwana Arganbright?” Ingaba ulapha. Ndathi, “Yintoni ingxaki kunye nalaa mfazi?” Yabona?

Kwaye wathi, “Okuya, okuya sisiqabo.”

⁷⁸ Ndathi, “Kulungile, bethu, bethu!” Yabona? Ndacinga bafanele ukumfaka kwindlu yeempethu ndaweni ithile, uyazi, bayingcine ingaqhekekeli kwabanye abafazi.

⁷⁹ Kodwa, uyazi, kufanele ucwangcise, jonga, thandaza, xa ukhetha. Ngokuba, siyabona, ngoku, iLizwi lesithembiso. Yena, umtshakazi ethi indoda imkhethe, uyakubonakalisa isimilo sayo. Ubonakalisa oko kukuyo.

⁸⁰ Ngoku, ungafan’ ucinge indoda, izaliswe nguMoya oyiNgcwele, inokuthatha into ethile enjalo ukuba ibe ngumfazi wayo? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Andi—andi—andiyibone nje, mzalwana. Ngoku, mhlawumbi ndingomdala ongaqhelekanga. Kodwa, uyazi, andi—andikwazi nje ukuyiqonda lonto, yabona, qaphela, ngokuba iyakubonisa oko kukuyo. Uzakumnceda yena ukuba akhe ikhaya lakhe elizayo.

⁸¹ Ngoku, ngoko, xa siguqukelo emva ngoku okomzuzwana, kwicala loko moya. Kwaye xa ubona ibandla elisehlabathini, lisenza njengehlabathi, lizifaka ehlabathini, lixhamla okwehlabathi, liyibalela iMithetho kaThixo ngokungathi Akazange ayibhale Yona, ngoku u—ungafan’ ucinge uKristu angathabatha uMtshakazi onjeya. Ungafan’ ucinge kuthatyathwa ibandla lalemihla yanamhlanje ukuba libe nguMtshakazi? Hayi iNkosi yam. Andi...kunjima ukuyibona lonto. Hayi. Khumbulani, ngoku, indoda kunye nomkayo banye. Ungazimanya kumntu onjeya? Ukuba unganakho, iyakuba gendlela ethile iyalutyhafisa ukholo lwam kuwe.

⁸² Kwaye, ngoko, kanjani malunga noThixo ezibandakanya Yena nento enjeya, isigxina sehenyukazi lobuhlelo? Ucinga ukuba Uyakuyenza lonto, “Benokumila kokuhlonela uThixo ukanti bayawakhanyela amandla ako”? Akanakho ukuyenza lonto. Ufanele abe nesimilo Sakhe kuye. Elenene, lenyaniso

ngokuzalwa ngokutsha iBandla lifanele libe ne—nesimilo esasikuKristu, ngokuba umyeni kunye nenkosikazi banye. Kwaye ukuba uYesu wenza kuphela oko kwamkholisayo uThixo, ukugcina iLizwi Lakhe aze alibonakalise iLizwi Lakhe, uMtshakazi Wakhe uyakufanela ukuba abe kwa luhlobo olunye lwesimilo. Akanakho, nangayiphi indlela, abe lihlelo. Ngokuba, ngoko, nokuba ufuna kangakanani, “hayi,” ulawulwa liqumrhu ndaweni ithile, elimxelela amakakwenze kunye noko angenakwenza, kwaye, amaxesha amaninzi, izigidi zeemayile kude kwiLizwi eliyinyaniso.

⁸³ Imbi kakhulu eyokuba saye semka kwiNkokheli yenene awathi uThixo wasishiya nayo ukuba ikhokele iBandla. Zange Athumele omdala besizwe. Akazange Athumele iibhishop, izikhulu zabafundisi, ababingeleli, opophu. Wathumela uMoya oyiNgcwele kwiBandla, ukuze alikhokele iBandla. “Xa Yena uMoya oyiNgcwele athe wafika, Uyakunikhokelela kuyo yonke iNyaniso, azityhile ezi zinto kuni, Endinixeleleyo, anikhumbuze, kwaye uyakunibonisa izinto ezizayo.” UMoya oyiNgcwele kwakufanele enze lonto. Ngoku, ibandla lalemihla likuthiyile Oko. Abayithandi Yona, ngoko angaba nguye njani uMtshakazi kaKristu? Abantu banamhlanje bakhetha ihlelo lalemihla. Lenza ntoni, libonisa kuphela ukulambatha kokuqonda iLizwi.

⁸⁴ Andijongise ekuviseni ubuhlungu, kodwa ndijongise ekuyenzeni ingene nzulu ngokwaneleyo de ujonge kuyo.

⁸⁵ Nditshatise amaqabane amaninzi, kodwa isoloko indikhumbuza uKristu kunye noMtshakazi Wakhe. Omnye wemitshato endakhe ndawenza, ngelinye ixesha eladlulayo, ya—yaye iyinto ephume yodwa ebomini bam. Kube yiminyaka eliqela egqithileyo, ngelixa ndandise ngumshumayeli omtsha.

⁸⁶ Umtakwethu wayesebenza kwi—iP.W.A. Andazi nokuba kukho nabanina osayikhumbulayo lonto, nangoku, okanye hayi, nabani omdala njengam. Kwaye yaye ili—iliphulo awayenaloluhulumente. Kwaye umtakwethu esebenza phezulu, malunga namashumi amathathu eemayile. Babesomba amachibi, iphulo lezolondolozo ndalo.

⁸⁷ Kwaye kwakhukho inkwenkwe eyayisebenza phezulu phaya, kunye naye, isuka e-Indianapolis, malunga, owu, malunga nekhulu leemayile ngasentla kweJeffersonville apho ndi—ndihlala khona, okanye ndahlala khona. Kwaye kwakukho i... Wathi kumtakwethu, ngenye imini, wathi, “Doc,” wathi, “Ndi—ndifuna... ndizakutshata, ukuba nje bendinemali eyaneleyo yokuhlawula umshumayeli.” Wathi, “Ndi—ndinemali eyoneleyo yokufumana iphepha-mvume lam, kodwa,” wathi, “andinayo imali eyaneleyo yokuhlawula umshumayeli.”

⁸⁸ UDoc wathi, “Kulungile, umtakwethu ngumshumayeli, kwaye—kwaye a—angakutshatisa.” Wathi, “Akazange wahlawulisa abantu ngezinto ezinjalo.”

Wathi, “Ungamcela ukuba anganditshatisa?”

⁸⁹ Kulungile, ngobo busuku umtakwethu wandibuza. Ndathi, “Ukuba akazange atshate ngaphambili, okanye omnye wabo, kwaye ba...yonke into ilungile.” Wathi, “Kulungile, ehe, ndiyakumbuza.” Kwaye ndathi, “Ukuba injalo, mxelele, makeze.”

⁹⁰ Ke, xa uMgqibelo wafikayo yaza inkwenkwe yeza. Yayiyinto enkulu kum, ukusoloko ndijonga emva koku. Ndiye...Emva kwemini enethayo, kwaye endala imoto yeChevrolet, kunye nezibane zangaphambili zibotshwe ngamacingo, eyenyuka yeza, ngaphandle ngaphambili. Nje kwithutyana emva kokuba ndilahlekelwe ngumfazi wam, kwaye ndandihlala kwencinci, emagumbi amabini. Kwaye—kwaye uDoc wayephezulu apho kunye nam, silinde bona.

⁹¹ Kwaye—kwaye inkwenkwe yaphuma emotweni, kwaye ngenene wayengakhangeleki njengomyeni, kum, okanye nakubani, ndiyaqikelela. Ehe. Ndandisokola...nokuthenga izihlangu ezintle ezilungileyo, ngedola kunye nesiqingatha. Kwaye wayesinxibile, siphelile. Kwaye ibhulukhwe zakhe zazishwabene ngenene. Kwaye enezi zindala iidyasi zesikhumba sentuku. Andiqikeleli ukuba abanye benu abadala abantu bayakuyikhumbula. Ikhangeleka igqithiswe kumashini wokuhlamba ingakhange ipulwe, kwaye ichizekile, ibotshwe *ngoluhlobo*, kwaye icala liphezulu.

⁹² Kunye ne—nenekazi elincinci laphuma ecaleni, kunye nencinci, owu, nanye yazo ezincinci zikhangeleka zinemigca enqumlezeneyo ilokhwe.

⁹³ Andazi. Ndenza impazamo yokubiza olwa hlobo lwelaphu, ngelinye ixesha. Gingham, [“Ilaphu lelinene elishicilelwayo.”—Xho.] ndiba ibizwa njalo. Kwaye ke yaye iyi...[IBandla liyahleka.—Mhl.] ndiyitsho ngongalunganga kwakhona. Ndi—ndisoloko ndiyenza. Kwaye ndathi... .

⁹⁴ Laphuma emotweni, baza benyuka amanyathelo. Kwaye—kwaye xa bangenayo, into encinci ehluphekileyo, ya...ndiyaqikelela, la, nje kuphela elalinako likunxibile yayingumbinqo. Kwaye lalingenazihlangu, kunzima, ukuzinxiba. Wayebethe ubhontsi ukusuka e-Indianapolis, ukuhla. Enonwelwana lujinga, ngasemva, lulude, uhlobo lokuphothwa luhle ngomqolo wakhe. Ekhangeleka emncinci kakhulu.

Ndaza ndathi, “Umdala ngokwaneleyo ukuba ungatshata?”

⁹⁵ Lathi, “Ewe, mhlekazi.” Kwaye lathi, “Ndinesigunyaziso sam esibhaliweyo esisuka kutata naku mama.” Wathi, “Kufanele ndisibonise e—enkundleni apha, ukuze ndifumane iphepha-mvume yam.”

⁹⁶ Ndathi, “Kulungile.” Ndathi, “Ndingathanda ukuthetha nani ithutyana ngaphambi kokuba senze lo mtshato.” Bahlala phantsi. Inkwenkwe yaqhubeka ibhekabheka apha egumbini; ifuna ukuchetywa kakubi kakhulu. Kwaye yaqhubeka ibhekabheka apha egumbini. Yayinga phulaphulanga kum. Ndathi, “Nyana, ndifuna uphulaphule koku ndikutshoyo.”

Yathi, “Ewe, mhlekazi.”

Kwaye ndathi, “Uyayithanda lentombi?”

Yathi, “Ewe, mhlekazi. Ndiyayithanda.”

Ndathi, “Uyamthanda yena?”

“Ewe, mhlekazi. Ndiyamthanda.”

⁹⁷ Ndathi, “Ngoku, unayo indawo yokumsa kuyo emva kokutshata?”

Yathi, “Ewe, mhlekazi.”

⁹⁸ Ndathi, “Kulungile. Ngoku,” Ndathi, “Ndifuna ukubuza into ethile. Ndiyaqonda, usebenza phezulu apha kule P.W.A.”

Kwaye yathi, “Ewe, mhlekazi.” Imalunga neshumi elinesibini leedola ngeveki.

Ndathi, “Ucinga ukuba ungakwazi ukumondla?”

Yathi, “Ndiyakwenza konke endinakho.”

⁹⁹ Ndaza ndathi, “Kulungile, yonke lonto ilungile.” Kwaye ndathi, “Ngoku, ukuba uphumile... Ukuba uphulukene nomsebenzi wakhe, dade? Uyakwenza ntoni, uyakubalekela emva ekhaya, kumama, tata?”

Lathi, “Hayi, mhlekazi. Ndizakuhlala naye.”

¹⁰⁰ Ndaza ndathi, “Uthini, mhlekazi, ukuba unesithathu okanye isine sabantwana, kungekho nto yokubondla, kwaye ungenamsebenzi. Uyakwenza ntoni, uyakumgxotha?”

¹⁰¹ Yathi, “Hayi, mhlekazi. Ndiyakusoloko ndiqhuba. Siyakuphumelela, ngenye indlela.”

¹⁰² Ndaziva ndimcinci. Kwaye ndabona ukuba umthanda ngokwenene, kwaye bethandana. Ndabatshatisa.

¹⁰³ Emva koko ndacinga ukuba umthathe wamsa phi. Kwintsuku ezimbalwa, ndabuza umtakwethu, uDoc, iphi. Wathi, “Yihla uye eNew Albany,” isixekwana esincinci ezantsi kwethu.

¹⁰⁴ Kwaye ezantsi emlanjeni, apho ndinenkcenkce ilele khona, apho ndiya khona yonke imihla xa nda—ndandi ngunongcingo. Ke xa bephumle abafo, bahlala phantsi bonke, babalise amabali ahlekisayo kunye nezinto, kwaye bendiyakungena kwisigadla ndize ndingene emlanjeni ndize ndithandaze ngalo eloxesha...?..Ndize ndifunde iBhayibhile yam, phantsi kwiweba elikhulu lenkcnkce apho khona indawo endala yokusebenza ngentsimbi yayiba lapho. Kukho igquba leebhokisi zeemoto zilapho ezantsi.

105 Kwaye lo mfo wehla waya apho wazifumanela enye yazo iibhokisi zeemoto wasarha ucango kuyo. Waza wathabatha iphephandaba kunye nezincamathelisi zokuqhubosha.

106 Bangaphi abasaziyo isiqhoboshi sokuncamathelisa ukuba yintoni? Akukho maKentucky apha, ngoko. Iyi, uthabatha intwana yekhadibodi, ubeke isikhonkwane sokuzoba kuyo, ispringi esincinci. Uze ngoko uyityhale ingene...Leyo sisincamathelisi sokuqhobosha.

107 Ke, babeyenze ngokutsha. Kwaye waya apho kumsebenzi weentsimbi waza wazifumanela izinto, waza wazenzela inyathelo, ukuze aphume. Kwaye wafumana iibhokisi ezindala, wazenzela itafile. Kwaye ndacinga, ngenye imini, “Ndiyakhula ukuya kubona ukuba bahlelisene njani.”

108 Malunga nesithandathu seenyanga ngaphambi koko, ndatshatisela intombi ka-E. V. Knight kunyana ka E. T. Slider. U-E. V. Knight, omnye watyebileyo amadoda kwakhoyo e-Ohio River, kwaye, owu, uqhuba imizi-mveliso apho, esenza ezizindlu zenziwa efektri, kwaye njalo njalo. Kwaye—kwaye uSlider, E. T. Slider, yinkampani yesanti negirabile, abantwana boonozigidi. Kwaye ndandibatshatisile.

109 Kwaye ndabuyela khona endaweni, ndasebenza malunga neeveki ezimbini, kwaye ndihamba emaplangeni ndize ndiguqe kumqamelelo. Kwaye bonke ubuhle nayo yonke into endakha ndahamba kuyo, phantse, kwakufuneka ndihambe kuyo, ukuya kutshatisa lama qabane! Kwaye xa baphuma, kutheni, babe... Lana mancinci amaqabane babeme nje phaya kwigumbi elincinci apho sasinesitulwana esincinci kunye nebhedhi esongwayo, kodwa bobabini batshatiswa ngomsitho omnye.

110 Kwaze emva koko, ngenye imini, ndacinga ndiyakhula ndityelele lamaqabane azizityebi. Kwakungadingeki ukuba basebenze, ootata babo babengoosozigidi, babebakhele ikhaya elihle. Ngokuphandle, lo E. V. Knight, phezulu, apha endulini, imiqheba yecango lakhe lishumi elinesine lamaty e anqabileyo kwibhotwe lakhe elikhulu, ngoko ungafan' ucinge ukuba likhaya elinjani abahlala kulo. Kwakungadingeki ukuba basebenze. Babenentle iCadillac abayinikwayo qho ngonyaka. Kwaye nje, ikuphela kwabantwana, kwaye babenento yonke abayifunayo. Xa ndangena ngenye imini...

111 Ngoku, ndaqhelana njani nabo, omnye wezihlobo zabo wayengumhlobo olungileyo wam. Sonke ngohlobo oluthile sihlobene sonke. Kwaye luhlobo endaqhelanayo, xa bafuna ukuba ndibatshatise.

112 Ke ndenyuka ukuya kubatyelela. Ndaphumela ngaphandle kwiFord yam endala, ngaphandle, ndaza ndenyuka amanyathelo. Kwaye—kwaye ndafika phezulu, kancinci kufutshane kakhulu, ndaza ndabeva. Kwaye babechukelana

kakhulu. Babekhweletelana omnye komnye. Babesuka kumdaniso. Wayeyintombi entle kakhulu. Kwaye wayelolo hlobo leekumkanikazi zobuhle. Wayephumelela amabhaso apho kuloo ndawo, kwaye waphumelela iimoto kunye nezinto, ngokuba ngukumkanikazi wobuhle. Kwaye ndabajonga, kwaye omnye wayehleli kwelinye icala nomnye kwelinye, bechukelana malunga nenkwenkwe ethile athe wadanisa nayo, okanye intombi ethile, into ethile.

¹¹³ Xa ndenyukayo, baxhuma ngokukhawuleza ngokwenene baza baxhakamfulana omnye nomnye ukunqumla umgangatho, kwaye izandla zabo—zabo, ukunqumla umgangatho, beza behamba besiza ngaselucangweni. Bathi, “Kutheni, molo apho, Mzalwana uBranham! Uphila njani?”

Ndathi, “Konke kulungile. Niphila njani nina?”

¹¹⁴ Kwaye, “Owu,” yatsho, “Ndi—ndi... Sonwabile kakhulu. Asinjalo, sthandwa?”

Waze wathi, “Ewe, sthandwa.” Yabona?

¹¹⁵ Ngoku, uyabona, ubeka into ethile engeyonyaniso. Ngoku, akunakufudumala ngomlilo oqatyweyo, njengezinye zalama bandla azama ukuyiqaba ipentekoste, ngento ethile eyenzekayo kwiwaka leminyaka eyagqithayo okanye amawaka amabini eminyaka eyagqithayo. Akunakufudumala ngomlilo oqatyweyo. IPentekoste iyinene nanamhla njengoko yayinjalo ngoko. Yabona? Ehe. Umlilo usawa. Asingomlilo oqatyweyo. NguMlilo wenene.

¹¹⁶ Ke, ba, nje kulapho babekho. Yabona? A—andinakuthanda ukuphila ngokolwa hlobo.

¹¹⁷ “Owu,” ndacinga, “uyazi, nje ezantsi kweliwa apho kunye nangaphaya komlambo, kulapho amanye ala maqabane ayexhwakre khona.” Ndacinga, “Ngomnye uMgqibelo emva kwemini ndiyakutsiba ezantsi apho ndize ndibone ukuba babephila kanjani.”

¹¹⁸ Ke nda, ubumdaka ebusweni, kunye ne ovarolo ezimdaka ndanxiba, izixhobo ndafaka. Ndacinga, “Ndiyakutsiba kubo.” Ndiyakutsiba ngokungathi bendikhangelela izigqumi mbane ezichachambiswe ngumbane okanye into ethile, kwaye njengoko ndandisahamba ecaleni kwentambo yomnxeba, ipali yombane ecaleni komlambo. Kwaye nantso iChevrolet endala, yayime ngaphambili. Malunga nonyaka ogqithileyo, emva kokuba ndibatshatisile. Kwaye kwakukho i—i... Icango lalivuliwe, kwaye ndandibeva bethetha. Ke oku kuvakala ngathi kukuhanahanisa, kodwa ndasondela kufuphi kakhulu de ndanakho ukumfama, ndibone oko babekuthetha. Ndema apho. Kwaye ndandifuna nje ukwazi, ngokwam.

¹¹⁹ Ndiyathanda ukufumanisa kwaye ndiqiniseke ngokwazi oko ndithetha malunga nako. Yiloo ndlela ndenza ngayo

malunga neLizwi likaThixo. Ingaba LiyiNyaniso, okanye aliyyo Lona iNyaniso? Ingaba Uyakuligcina iLizwi Lakhe, okanye Akaligcini iLizwi Lakhe? Akaligcini iLizwi Lakhe, ngoko AkangoThixo. Yabona? Uyaligcina iLizwi Lakhe, UnguThixo. Yabona?

¹²⁰ Kwaye ndaya ukuyakubona ukuba babephila njani. Kwaye ndatsiba kwicala, lula ngenene. Ndayiva yona isithi, “Owu, sthandwa, bendifuna ukukufumanela yona, kakubi.”

¹²¹ Wathi, “Ngoku, jonga, sithandwa sentliziyo.” Wathi, “Le lokhwe ilungile.” Wathi, “Kutheni, lena ilungile nje.” Wathi, “Ndiyakuncoma oko. Kodwa uyabona. . .”

¹²² Ndatsibela ecaleni, ukuze ndibe nokubona ngesikroba, apho icango belityhalwe lavuleka apho kwibhokisi yemoto. Kwaye nantso yayilapho, ihleli apho, kunye naye phezu kwamadole ayo; kunye nengalo yayo emgonile, nengalo yakhe imgonile. Kwaye wayeneminye yaleminqwazi midala ithambileyo, kwaye egqobhoze umngxuma omncinci, usongiwe, emantla, waza watsala wakhupha umrholo wakhe oyitshekhi, kulonto. Wa—wayeyibeka phezu kwetafile. Wathi, “*Ikangaka eyokutya. Ikangaka eye inshorensi. Kunye nekangaka emotweni.*” Kwaye babengenakho ukukhawulelana nezidingo zabo. Ndaza ndafumana, yayibone ilokhwana encinci phezulu phaya efestileni, ebeyijonga iqela leeveki, eyayixabisa idola kunye nento. Yayifuna ukuyifumana. Yathi, “Ke, sthandwa, ubuya kukhangeleka mhle kakhulu kuyo.” Yaza yathi. . .

¹²³ Wathi, “Kodwa, sthandwa, ndi—ndinayo ilokhwe. A—andiyidingi ngokwenene.” Yabona? Kwaye lakumkanikazi incinci. . .

¹²⁴ Ndabuya umva, ndajonga ngasentla. Ndandinakho ukubona u—uphondo phezu kwenye indlu. Ndema apho ndaze ndajonga, imizuzu embalwa. Ndacinga, “Ngubani isityebi sendoda?” Ndacinga, “Ukuba, Bill Branham, ukuba ufuna ukuthatha eliphi icala, ubungayaphi?” Okwam, bendingayi kuthabatha lanto intle ngasentla phezulu endluni. Bendiya kuthabatha esisimilo ezantsi apha, njengomakhi khaya wenene, umntu ondithandayo aze ahlale nam, umntu ozama ukwenza ikhaya; kwaye angacudiseleli yonke into, ukwenzela ubuqheleqhele; kunye nomntu owayenawe, inxalenye yakho.

¹²⁵ Oko kwasoloko kunamathelene nam, okokuba yayinjani lonto. Omnye ukhetha intombi entle, omnye ukhetha isimilo. Ngoku, leyo kuphela kwendlela ongakhetha ngayo. Kuqala, khangela isimilo kwaye, emva koko, ukuba uyamthanda. Kuhle.

¹²⁶ Qaphela, uThixo kuqala u-Adam wayengenalo nolunye ukhetho, ngokukubhekiselele kwinkosikazi wakhe. Akazange afumane kukhetha. UThixo wamenzela nje yena, kwaye zange kwafuneka ayikhethe yona. Ngoko siyafumanisa ukuba wamkhupha kwiLizwi likaThixo. Akazange wathandaza

ngomba. Aka—aka—akafani nawe kunye nam. Zange wafumana kuzikhethela. Kwaye kwakhona, ngokwenza lonto, wamkhokela wamsusa endaweni yakhe eyiyo njengonyana kaThixo. Kwaye wakwenza oko ngokumbonisa eyona yalemihla indlela yokuphila, into ethile ekwakungafanelekanga ukuba bayenze. Kodwa isimilo sakhe sabonisa ukuba wayengalunganga. Izizathu zakhe nenjongo yakhe yayingalunganga qwaba. Kwaye wayicenga, ngokuqiqa kwakhe, okokuba ukukhanya okutsha kwalemihla athe wakufumana, ntoleyo yayichasene kwiLizwi likaThixo, yayiyi ndlela engcono yokuphila.

¹²⁷ Kwaye bangaphi abafazi namhlanje, nangokuphendulelekileyo, amadoda, anokutsala umfazi olungileyo amsusele kude kuThixo, okanye kutsalwe indoda elungileyo isuselwe kude kuThixo, ngokuzama ukumxelela, “Le nkolo, nina makhwenkwe akwaMoya! La nkolo,” bathi, “owu, Olo ludidi oludala. Kukudideka okudala. Ungayikholelwa Lonto.” Kungcono uthandaze ngamandla ngaphambi kokuba utshate la ntombi. Andikhathali nokuba mhle kangakanani. Into ekwanye nasendodeni.

¹²⁸ Wamcengela ekumkhupheni entandweni kaThixo waza wayibangela ukuba yenze into ethile ekwakufanele ukuba ayiyenzanga, kwaye, ngenxa yalonto, yabangela ukuba kuhlanga lonke loluntu. Yilonto iBhayibhile ingamvumeli ukuba afundise, okanye ashumaye, okanye aphaathe iLizwi likaThixo, nangayiphi na indlela.

¹²⁹ Ndiyazi, dade, abaninzi benu bathi, “iNkosi indibizile ukuba ndishumaye.”

¹³⁰ Andizukuxambulisana nawe. Kodwa ndizakuxelela, iLizwi lithi akufanele kuyenza lonto. “Akasayi kufundisa, okanye aphange naliphi igunya, koko azole.”

“Kulungile,” uthi, “iNkosi indixelele ukuba mandikwenze oko.”

¹³¹ Andikuthandabuzi oko nakancinci. Ingaba uwuvile uMyalezo wam ngobunye ubusuku malunga noBhalam? UBhalam wafumana esokuqala, esithe nkqo isigqibo sikaThixo, “Sukuyenza lonto.” Kodwa waqhubeka ngokubhanxa de ekugqibeleni uThixo wamxelela ukuba makahambe ayokuyenza.

¹³² UThixo angakuvumela ukuba ushumaye. Anditsho Akakuvumelanga. Kodwa akukho ngokweLizwi necebo Lakhe lantlandlolo. “Ngokuba kufanele abe phantsi kwentobeko, njengokuba utshoyo nomthetho.” Yinyani. Ngenxa yoko, akafanele kuyenza lonto.

¹³³ Ngoku, qaphela kwakhona indlela umtshakazi wasenyameni afuzisela ngayo okomoya. ILizwi lithi, yena, “Waye enzelwe indoda, hayi indoda yenzelwe yena.”

¹³⁴ Ngoku ndizakuthetha, kwaye kutheni, kwimizuzu embalwa, kuMtshakazi kaKristu, kodwa ndizama ukukubonisa imvelaphi yayo.

¹³⁵ “Umfazi waye enzelwe indoda, kwaye hayi indoda yenzelwe umfazi.” Sesizathu, phantsi komthetho omdala, sokuba ukutshata abafazi abaninzi kwakusemthethweni. Jonga kuDavide ehleli ezantsi apho kunye nabafazi abangamakhulu amahlanu, kwaye iBhayibhile ithi, “Wayeyindoda esemva kwentliziyo kaThixo.” Ekunye nabafazi abangamakhulu amahlanu, kwaye uSolomon kunye newaka, kodwa hayi namnye kubo wayenokuba nomnye umyeni.

¹³⁶ Fumana iteyiphu yam ku*Mtshato noQhawulo Mtshato*. Phaya, phezulu entabeni eTucson, apha kungekudala kakhulu, ndandiphezulu phaya ndithandaza malunga nawo. Bazikhupha izikolo, ukuze bayokubukela esa sangqa seNtsika yoMlilo entabeni kwaye ihamba okwefanele, ukubuya umva nokuya phambili, ukunyuka nokuhla. Abantu balapha bayayazi, nantso, kwaye bayibona Yona; kwaye Yona. . . xa Wandixelela iNyaniso ngalo mtshato nemibuzo ngoqhawulo mtshato. Ukuba kukho icala elinye lisiya *ngale* ndlela, kunye nelinye lisiya *ngalaa* ndlela, kufanele kubekho iNyaniso ndaweni ithile. Emva kwaloo Matywina aSixhenxe, Wandibonisa oko kwakuyiNyaniso kuyo.

¹³⁷ Qaphela, ngoku, wayengenakuba namyeni ingenguye omnye, ngokuba, “Umfazi wayenzelwe indoda, kwaye hayi indoda yenzelwe umfazi.” Onke lamakhulu mahlanu abafazi ayengaka Davide kuphela, kwaye kwakungumfuziselo. Xa uKristu ehleli eTroneni kwiMillinium, uMtshakazi Wakhe akayi kuba ngumntu omnye, kodwa iyakuba ngamawaka alishumi, uMtshakazi, konke kuKunye. Kwaye uDavide wayenabafazi abaninzi, ngamnye, kodwa kuphela bonke bedibene babe ngabafazi bakhe. Njengo Mzimba wonke wamakholwa nguMtshakazi kaKristu, 'kuba InguYe, umfazi. Wayeyi Ndoda. Ngoku, sasenzelwe uKristu. UKristu wayengenzelwanga thina.

¹³⁸ Yilonto esizama ukuyenza namhlanje kwiincwadi zethu, kukuzama ukulenza iLizwi (elinguKristu) lisifanele, endaweni yethu sizame ukuzenza thina sifanele iLizwi. Lowo ngumahluko.

¹³⁹ Xa indoda ikhetha intombi ethile kusapho, kufanele ingaxhomekeki kubuhle, ngokuba ubuhle buyaqhatha. Kwaye ubuhle, ubuhle behlabathi, bobukamtyholi.

“Owu,” ndiva umntu esithi phandle phaya, “ulumke apha, mshumayeli!”

¹⁴⁰ Nditsho ukuba ezi zinto kulo mhlaba, ezibizwa ngobuhle, ngokuqinisekileyo zezikamtyholi. Ndiyakukuqinisekisa oko kuwe. Ngoko, ngenxa yesizathu sokukuphawula,

masiphengulule elingwele iLizwi likaThixo, ukuze sibone ukuba lilungile okaye hayi. Kwaye abanye benu bafazi bafuna ukuba bahle! Bona apho busuka khona. Ekuqalekeni, sifumana ukuba uSatane wayemhle kakhulu de walahlekisa iiNgelosi. Kwaye wayeyeyona Ngelosi intle kunazo zonke. Yabonisa, ilele kumtyholi. Imizekeliso ithi, uSolomon uthi, “Ubuhle ngamampunge.” Injalo lonto. Isono sihle. Ngokuqinisekileyo, sisiso. Sinomtsalane.

¹⁴¹ Ndifuna ukunicela, kwaye nditsho into ethile apha kuni. Ndifuna niqaphele, imizuzu embalwa. Kuzo zonke izidalwa ehlabathi, iintaka, izilwanyana, sifumana ukuba kwizilwanyana, zonke ngaphandle komntu, liduna elihle, kwaye hayi ithokazi. Kutheni iyilonto? Jonga kwi...Jonga kwixhama, e—enkulu entle inkuzi kunye neempondo, kunye nelincinci ixhamakazi. Jonga kwi—kwisikhukukazi, esincinci, esinamachokoza isikhukukazi, kunye nomkhulu oneentsiba ezintle umqhagi. Jonga kwinkunzi yentaka kunye nethokazi lentaka. Jonga kwidada lasendle kunye nethokazi. Yabona? Kwaye akukho nesinye isidalwa ehlabathini, esenziweyo, esinokuqhatha kwaye sithobe umgangatho njengomfazi.

¹⁴² Ngoku, dade, ungaphakami uphume umke. Linda nje de sive isiphelo Soku. Yabona? Yabona?

¹⁴³ Akukho nto, akukho obhinqileyo njengomfazi, ngokungabi nasimilo. Ubizainja “ixelegukazi,” ubiza inkunzi yehagu “i—imazi yehagu” kodwa, ngesimilo, zinezimilo ngaphezulu kunesiqingatha kunokuba abadlali bhanyabhanya ababalulekileyo phaya bekhona apha. Abanakuba yinto engenye koko isimilo.

¹⁴⁴ Kwaye umfazi wayengulowo waguqulwayo, ukwenzela ugqwetheko. Injalo lonto. Bona apho ubuhle bumsa khona? Ngoku, yilonto okuya, namhlanje, sifumanisa ukuba abafazi besekwandeni kubuhle. Uthabatha uPearl Bryan, wakhe wawubona umfanekiso wakhe? Kufanele ukuba bobona buhle beMerika. Akukho mntwana wasikolo nakwesiphina isikolo ongafuni ukungabi naye ku—kuluhlu olungasemva. Ubusazi ibifanele ukuba ngala ndlela? Ubusazi ukuba iBhayibhile ithethile ukuba yindlela eyakuba ngayo?

¹⁴⁵ Ubusazi ukuba ukuwa kweza ngomfazi ekuqalekeni? Kwaye ukuwa... Isiphelo siyakuphela ngendlela enye, abafazi besiza egunyeni nasekulawuleni phezu kwamadoda, nanjalo njalo. Ubusazi ukuba iSibhalo siyakutsho oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Uyazi, umhla wanxiba impahla zendoda, nokunqothula iinwele zakhe, zonke ezo zinto zichasene neLizwi likaThixo. Kwaye umele ibandla? [“Ewe.”] Xa ujonge oko bakwenzayo abafazi, uyakubona ukuba ibandla lenza ntoni. Injalo kanye lonto. Ngoku, ngoku, inyanisile kanye njengeLizwi likaThixo linyanisile.

146 Akukho thokazi lenziwe ukuba libe nokuzithoba umgangatho njengomfazi anokwenza. Kwaye noko, kuko oko, enziwe waba yimv- . . .

147 Wayengekho kwindalo yemvelo. Onke amanye amathokazi akwindalo yemvelo: iintaka, iduna nethokazi; izilwanyana, iduna nethokazi. Kodwa, kubomi bomntu, uThixo wenza kuphela indoda, kwaye Wathabatha kuyo. Kwaye umfazi yimveliso elisolotyala lendoda, ngokuba uThixo akazange ayimisele into enjalo. Phengulula iZibhalo. Yinyaniso kanye. UThixo, hayi, mhlekazi, kwindalo Yakhe yasemvelini. Wabekwa ngaphandle apho.

148 Kodwa ukuba unokuziphatha kakuhle, ngonjani wona umvuzo anawo kune ndoda. Ubekwe kumhlaba wovavanyo. Ngaye kuphuma ukufa. Unetyala lako konke ukufa. Kodwa ngoko uThixo wajika waza wasebenzisa omnye ukuzisa uBomi bubuyela emva kwakhona; wazisa uNyana Wakhe ngomfazi, othobekileyo. Kodwa ombi ungo—ngomandundu onokubakho; akukho nto inokuba yephantsi.

149 UKayin, unyana kaSatane, wacinga ukuba uThixo wabamkela ubuhle. Uyayenza namhlanje. uKayin wayengunyana kaSatane. “Owu, ngoku!” utsho. Asiyi kuya kwincukacha kuko oko, kodwa mandikulungiselele yona. IBhayibhile yatsho ukuba wa “yengulowo wongendawo.” Ke, iyigqibile. Kulungile. Ngoku, wayengunyana kaSatane. Kwaye wacinga ukuba, makazise isibingelelo kwaye asenze sibe sihle kakhulu ukuze anqule, yiyo lonto uThixo ayakuyihlonipha.

150 Bacinga, cinga into ekwanye namhlanje. Ngokuqinisekileyo. Oku, “Sakha isakhiwo esikhulu. Siyakuba namahlelo amakhulu. Siyakwenza esona sakhiwo sikhulu kunye nabanxibe kakuhle kakhulu abantu, abona bachubekileyo abefundisi.” Ngamanye amaxesha uThixo uzizigidi ezilishumi ukusuka kulonto. Injalo lonto. Nakuba kunjalo, libandla.

151 Ke, ukuba uThixo uhlonipha nje unqulo, ukunyaniseka, ukunikela, uKayin wayelilungisa njengokuba lilungisa kuka Abel. Kodwa kwakungokwesityhilelo, ukuba aqonde yayingengoma apile abawatyayo abazali bakhe.

152 Ndizakutsho into ethile apha engavakali kamnandi ngomlungiseleli, kodwa ndizakuyitsho, nakanjani. Ndiyabeva aba abanye besitsho izinto, ke besitsho iziqhulo ezincinci. Andibhekisele kuyo. Ndikutsho oku, nge, “Ukuba ukutya ama-apile kwabangela abafazi baqaphele ukuba baze, kungcono siwadlulise ama-apile kwakhona.” Yabona? Yabona? Uh-huh. Ndixoleleni ngalonto, kodwa nje ukuba iyakuguquka. Ndinenze nadinwa phezulu apha, kwaye ndithetha ngabafazi, kunye nanjalo njalo. Ndi—ndi—ndifuna ukuniphumlisa umzuzu, malunga noko kulandelayo. Ngoku, qaphela, wena. Yayingengoma apile. Siyayazi lonto.

153 Ibandla liye kule mihla, ngoko likuzuzileyo, njengako konke okuzuzwe ngumntu, laba bubunzululwazi. Bazama ukwenza ibandla lobunzulu lwazi, ngomtsalane wemifanekiso kunye namaphondo awona atsolo kwizakhiwo. Kwaye kubi kakhulu ukuba owakwaMoya ungene kulamkhwa. Ubuyakuba ngcono kunye nethamborina, ezantsi ekoneni, kunye noMoya kaThixo ukurhangqile. Kodwa uzama ukuthelekisa kunye nabanye, ngokuba uye waba lihlelo. Yilonto iyenzileyo. Yabona? Amabandla azama ukuba yinzululwazi.

154 Kwaye khumbula, njengoko umntu afumana inkqubela ngenzululwazi, uyazibulala yena yonke imihla. Xa wavelisa irhuluwa yompu, jonga yenze ntoni. Xa wavelisa inqwelo mafutha, yabulala ngaphezulu kokuba yenzayo irhuluwa yompu. Ngoku uzifumanele isiqhushumbisi samanzi. Ingaba uzakwenza ntoni ngalonto? Injalo.

155 Kwaye linjalo ibandla, njengoko lizama ukuphumelela ngenzululwazi, ngokwenziwe ngenkqubo yomntu, ikuthabatha ikususele kude kuThixo, kwaye ikuse ekufeni, ngaphezu kokuba kwakunjalo ngaphambili. Injalo lonto. Sukukhetha ibandla lakho ngendlela enye wenzayo ngomfazi wakho. Yabona? Oko inzululwazi imenzele kona ngummangaliso, kodwa kungcono umele kude ebandleni lakho kulonto; wenza iziqabi, imigubo, kunye nazo zonke ezinye zezi zinto. Khetha ngesimilo seLizwi Lakhe.

156 Ngoku masithelekise umtshakazi wasenyameni wanamhlanje kunye nosinga-mtshakazi bandla wanamhlanje. Thelekisa umfazi, ozakutshata namhlanje.

157 Ngoku, jonga nje oko inzululwazi imenzele kona. Uphuma, kuqala, kunye neenwele zakhe ezinqunqiweyo, kunye nanye yezinwele zenziwe ngokuka Jacqueline Kennedy, yabona, okanye into ethile enje ngaleyo. Kwaye uyazi ekuthethayo iBhayibhile? IBhayibhile iyinika ngokwenene indoda, ukuba iyafuna, ilungelo lokungxotha ngokumala, ukuba uyayenza lonto. “Ungumfazi ongahloniphekanga, oyakucheba iinwele zakhe.” IBhayibhile ikutshilo oko. Kunjalo. Akuyazanga lonto? Huh? Owu, ehe! Ndishumaye kakhulu eCalifornia ukuba wena unokungayazi lonto. Injalo lonto. Owu, ehe! Yintoni elungileyo eyenzayo kum? Bayayenza lonto, nakubeni kunjalo. Akunakuthabatha ihagu uze uguqule igama layo, uyenze ibe yimvana. Qaphela.

158 Niyakundichaphukela emva koku, kodwa niyakuyazi iNyaniso. Yabona?

159 Khangela. Masiyithelekise. Nanku esiza kunye nako konke ngobuninzi ukuqatywa, into ethile angeyiyo, umtshakazi walemihla. Hlamba ubuso bakhe, iyakubaleka imke kuye, mhlawumbi. Akoyikisele ukufa, susa yonke lonto kuye. Kwaye linjalo ibandla kunye nomkhulu, oqatyiweyo umphambili,

esipheleleyo isifundiswa sezakwalizwi uMax Factor. Uh-huh. Zombini zino—zinobuhle, ubuso bobuxoki kubo, ubuhle obenziwe ngumntu kwaye hayi ubuhle obenziwe nguThixo. Akukho similo kuzo zombini.

¹⁶⁰ Qaphela, kanye njengoSatane, onokuqhatha ngokupheleleyo, thelekisa umtshakazi walemihla ngoku kunye naye: unxiba ezimfutshane, uyaziqaba, ucheba iinwele zakhe, unxiba iimpahla ezikhangeleka njengendoda, kwaye aphulaphule kumalusi omxelelayo ukuba konke kwakulungile. Ungumqhathi. Uzakohlwayeka ngalonto kwimimandla engaphesheya. Injalo lonto. Ukwenza lonto ukuqhatha, ukuba yinto ethile angeyiyo.

¹⁶¹ Yiloo ndlela ibandla lenza ngayo, ukufumana enkulu iDD., Ph.D., LL.D. Ke uthi, “Umalusi wethu uyile, yileya, kunye nenyeyey,” mhlawumbi engazinto ngoThixo kunoNoqhakancu esazi ngobusuku baseYiphutha. Injalo lonto. Injalo. Ezinye izifundiswa zakwalizwi zamava emfundo yabafundisi phandle phaya, kwaye bengazi nto malunga noThixo kunayo nantoni.

¹⁶² Ibandla lalemihla kunye noqabo lwalo lwemfundo yezakwalizwi, linabafazi babo bonke benozuko lwabo luchetyiwe, ngu xengaxengayo othile kunye nomalusi elinaye, njengo Jezebhele ukuba wayekhe wakhona ofana naye. Iinwele eziphothiweyo, ezimfutshane, iziqabo, konke okulungisiweyo kongcamlo lwemfundo yezakwalizwi, yiloo ndlela ibandla elime ngayo. Injalo. Kodwa isimilo sakhe sikamoya sikude ukuba angaba ngumakhi wekhaya ayakuza uYesu Kristu ukuza kulamkela.

¹⁶³ Ukuba nawuphi umKristu angatshata umfazi onjeya ngalowa, ibonakalisa ukuba uwile kwinceba. Ukungcamla kwakhe ngoThixo kunye nokungcamla kwakhe ngekhaya, into elifanele ukuba yiyo ikhaya, ikude, xa ikhetha umfazi onjenga lowo. Hayi, mhlekazi. Ngokuqinisekileyo akayi kulunga kungcamlo lobuKristu. Isimilo sakhe sikamoya sisezantsi kakhulu ukuba phantsi, sifile, kubuhle bobuhlelo kunye nenkanuko yehlabathi.

¹⁶⁴ Yilonto ngqo apho ibandla limi khona namhlanje, ukuthengisa ngesimilo seLizwi elisinikiweyo kuSatane, ukuze lifumane ubunzululwazi benkolo eyenziwe ngumntu. Xa, enelungelo, njengebandla likaThixo, lokuhlala neLizwi likaThixo abenoMoya oyiNgcwele esebenza, edibanisa uMzimba ndawonye kunye neLizwi kunye nothando lukaThixo. Endaweni yoko, lathengisa ngobuzibulo balo, njengo Esawu, laza lathabatha ubuhlelo, maliyenze, nayiphina into eliyifunayo, kulungile, nje ukuba nodumo njengonina awenzayo eNicaea Rome. ILizwi likaThixo!

¹⁶⁵ Owu, ingene njani kwilizwe lethu lakwaMoya! Imbi kakhulu, kodwa iyenzile.

¹⁶⁶ Qaphela, nje oko mzuzu, unongendi kwicawa yobuKatolika. Laa mfazi, ukuba ngunongendi, kwaye ukuthabatha esasigqubuthelo sokugqibela, ngokuqinisekileyo uthengiselwe icawa. Yena (umphefumlo, umzimba, kunye nomoya) libango lecawa. Akanangcinga iyeyakhe. Akanakuba nayo, xa ethabatha esasigqubuthelo sokugqibela, akukho ngcinga iyeyakhe, akukho kuzithandela kungokwakhe. Bona phandle apha, ukuba uSatane ubenza babe ngabakhohlisi bakhe, njenge nyaniso.

¹⁶⁷ IBandla likaKristu elinyanisileyo, uMtshakazi, uthengiselwe kuYe kunye neLizwi Lakhe elithenjisiweyo, de eyona ngcinga ekuKristu ibe kuwe. Onjani umahluko!

¹⁶⁸ Kwaye siyafumana namhlanje, ukuba, ibandla lalemihla, ibandla lelizwe lalemihla. Ibandla lelizwe lalemihla kunye kanaanjalo kuba iBandla lokomoya omabini akhulelisiwe, ukuba azale oonyana.

¹⁶⁹ Elinye lawo, uzalo lobuhlelo, luyakunikwa, olunye lo... suku, kuyo...le mihla, kwiQumrhu leeCawa zeHlabathi, eliyakuvelisa kwihlabathi umchasi kristu, ngobuhlelo. Leyo yiNyaniso ngqo. Ndingangaphili ukuze ndiyibone. Ndiyakholwa ndiyakwenza njalo. Kodwa, nina bantu batsha, khumbulani ukuba nimvile umlungiseleli ekutsho oko. Iyakugqibela iqosheliseka. Kwaye elo luphawu lwerhamncwa, xa ebumba elaa Qumrhu leeCawa zeHlabathi. Kwaye liyakuzala unyana walo, umchasi kristu.

¹⁷⁰ Omnye ukhulelisiwe ngeLizwi likaThixo kwaye uyakuzisa uMzimba, ogqityiweyo uMzimba kaYesu Kristu, onguMtshakazi. UMzimba kaKristu awukagqitywa okwangoku. Bangaphi abakwaziyo oko? Indoda nomfazi banye. Kwaye noKristu nguMzimba omnye, iLizwi. UMtshakazi uyakufanela ukuba abe nguwo wonke la Mzimba. Kwaye esi sibini, sihlangene, senza uMzimba omnye kwakhona. Njengoko u-Adam wayenjalo ekuqalekeni: indoda, inkosikazi yayo, banye. Ngoku, Yena, uMtshakazi wenyano, othengiselwe kuYe ngenene, ukuba Angasebenzisi ingqondo eyeYakhe uMtshakazi. Ingqondo Yakhe, kanaanjalo, iyintando Yakhe, kwaye intando Yakhe liLizwi Lakhe.

¹⁷¹ Ngoku jonga kusinga mtshakazi okhethwe ngumntu, uze uthelakise okomoya kokwenyama kwanamhlanje, uJezebehele walemihla ethakathwe ngu-Ahabhi wakhe, ubuhle buka Max Factor, yonke into. Jonga kwibandla, into ekwanye, ukanti lihenyukazi kwiLizwi likaThixo ophilayo; amakhulu amahlelo, ezinkulu izakhiwo, eninzi imali, emikhulu imivuzo, konke kuthengisiwe. Amadoda eme epulpitini beqinisekisa oko ukuba kulunge konke, kwaye benze bayekwe nje. Inkqatho nje, yilonto yonke. Inyani siSigaba seBandla laseLawodike esiyimfama, kanye ngokuchanekileyo oko iBhayibhile

yakutshoyo kuyakwenzeka. “Lathi, ‘Ndityebile. Ndihlala njengokumkanikazi. Andiswele nto.’ Kwaye akwazi ukuba wena ulihlwempu, ulusizana, uyimfama, uludwayinge, uze: kwaye akuyazi lonto.” Ukuba asinguye lowo u-ITSHO INKOSI, iZityhilelo 3, andizange ndiyifunde Yona. Yilonto ayiyo, kwaye aliyazi lonto! Yicinge lonto.

¹⁷² Ukuba ungxaxela indoda okanye umfazi, esitratweni, obe ehamba ze ngokupheleleyo, kwaye ubaxelele ukuba babehamba ngaze, kwaye bathi, “Jonga ingxaki zakho,” kutheni, kukho ukudodobala kwengqondo apho ndaweni ithile. Kukho okuhambe ngokungekuko ezingqondweni zabo.

¹⁷³ Kwaye xa unokufunda iLizwi likaThixo, indlela abantu abafanele ukwenza ngayo, kwaye olubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele esinalo namhlanje, kunye, nabantu, kutheni, bajonga kuwe ngathi uyaphambana. Ubaxelele: “Kufanele. . .” Bafanele bazalwe ngokutsha. Kufanela bakholelwe iBhayibhile.

¹⁷⁴ Bathi, “Okokwakuyintsomi yamaJuda, kwiminyaka eyagqithayo. Ibandla lethu linayo indlela.” Udwayinge, usizana, imfama, uze, kwaye akuyazi nalonto. Enjani i. . . Kwaye iBhayibhile yatsho ukuba oko yimeko abangena kuyo.

Kanjani ukuba umprofeti wenyaniso angayiphosa ukuyibona yona? Andiyazi.

¹⁷⁵ Iphumela ngqo kuwo wonke amabandla ethu, naphina. Jonga nje kuyo, nje kwimo zalemihla. “Thenyukazi elidala kunye neentombi,” leZityhilelo 17, linika “amahlwempu, iimfama, intsizana” zabantu imfundiso yalo yemfundo ngezakwalizwi echasene neLizwi likaThixo. “Kwaye bafumana kulo imiphefumlo yamakhoboka, kunye namadoda kunye nabafazi be—bendawo zonke.” Endaweni yokutsala abantu. . .

¹⁷⁶ UKristu uyalingqinela iLizwi Lakhe, elitsala abantu. Akabatsali abantu kumabandla atsalwa ngamahlelo amakhulu kunye nokwenza okukhulu, kunye nokukhulu ukuqhubeka kunye nezinto zobuqheleqhele. Kodwa iLizwi likaThixo litsala uMtshakazi kaKristu.

¹⁷⁷ Ngoku qaphela. Kunika umdla uku—ukuqaphela indlela ezi—ezicawa zizama ukutsala umdla wabantu ngengubo ezintle kunye neekwayala ezinxityisiweyo, kunye neenwele ezinqothulweyo zabafazi kunye nobuso obuqatyiweyo. Kwaye bacinga. . . Kwaye icula njenge Ngelosi. Baxoke njengomtyholi, babaleke ubusuku bonke emdanisweni nje, bengacingi nto malunga nayo. Kwaye yilonto bayicingayo, “Ilungile yonke. Intle lonto.” Kodwa, uyabona, bubuxoki obenziweyo. AsiloLizwi likaThixo.

¹⁷⁸ Ngelilixa, uMtshakazi wenyaniso atsalwa umdla kaThixo, ngokugcina iLizwi Lakhe. Ngoku qaphela. Ngoku masiqaphela uKristu.

179 Uthi, “Kulungile, ngoku, linda umzuzu, kumalunga naphi kobu buhle uthetha malunga nabo?”

180 IBhayibhile yathi, ku Isaya 53:2, ukuba, xa uYesu weza, “Kwakungekho buhle kuYe, bokuba simnqwenele Yena.” Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Akukho buhle. Ukuba Wayenokuza ngobuhle behlabathi, njengoko akuko uSatane namhlanje, abantu ngebabengungelene kuYe baze bamamkele Yena ngokwendlela abenza ngayo icawa namhlanje. Ngebabemkholelwe Yena, bamamkela Yena, njengoko besenza uSatane namhlanje. Ngokuqinisekileyo, babenokuyenza. Kodwa Akazange aze ngolwahlobo lobuhle, kodwa Usoloko esiza ngobuhle besimilo. Phaya, uKristu wayengengobuhle, obukhulu, obomeleleyo, iNdoda ekhaliphileyo. UThixo akakhethi olo uhlobo.

181 Ndikhumbula ngelinye ixesha umprofeti wenyuka waya ukuya—ukuya kuthabatha ukumkani, ukuyokwenza ukumkani koonyana bakaYese, ukuya kuthabatha indawo yomnye ukumkani, uSawule. Kwaye ke uYese wamkhuphela, ababalulekileyo, amakhulu, amahle amakhwenkwe. Wathi, “Isithsaba siyakukhangeleka kakuhle, kwintloko yakhe.”

182 Umprofeti waya kugalela i-oli kuye. Wathi, “UThixo umalile.” Kwaye Wabala bonke kubo, de waza komncinci, omdala onamagxa agobileyo, umfo obumvurha inkangeleko. Kwaye wagalela i-oli phezu kwakhe, waze wathi, “UThixo ukhetha yena.” Yabona? Sikhetha ngokubona. UThixo ukhetha ngesimilo.

183 Isimilo, akuzange kubekho isimilo esinje ngesika Yesu Kristu. Sihlala kuwe kwaye sibonakalise Yena. Siyasibona siyinyaniso. Asibobuhle behlabathi Bakhe obutsala uMtshakazi Wakhe. Kusesimilweni Sakhe, isimilo seBandla, akhangela sona uYesu; hayi apho kuzizakhiwo ezikhulu, apho ingamahlelo amakhulu, apho kukubulungu obukhulu. Wathembisa ukudibana naphina apho ababini okanye abathathu behlangene kunye. Ngenyaniso. Kulapho ikholwa lenyaniso liphumlisa khona ithemba lalo, kuphezu kweLizwi likaThixo lingqinelwe kwiNyaniso, elikuko. Khetha ngeLizwi Lakhe, hayi iqela lehlabathi elithandekayo. Bayithiyile lonto.

184 Akumangalisi laliweyo nje Nguye, ngokuba lisiphosile isityhilelo Sakhe, kwaye alinaso. Akakhathali ngalo, indlela elenza ngalo neliqhuba ngalo, kwaye nokungakanani okwezinto zelihlabathi elinako.

185 Ukhangelana isimilo salo, isimilo sikaKristu. Ngoku, nje okwethutyana ngoku. Yilonto. Ukhetha uMtshakazi ukubonakalisa isimilo Sakhe, ntoleyo ibandla lalemihla yanamhlanje liyiphosile ngenene inkqubo Yakhe—Yakhe apha, ngezigidi zeemayile, 'kuba bayakuphika Oku ukuba yiNyaniso. Ke ingenzeka njani? Ngoku, Ukhangelana umhla apho

la Mtshakazi uyakubunjwa, amaHebhere 13:8, nje ngenene njengokuba Yayinjalo, njengokuba Wayenjalo. Kufanele ukuba ibe kwayinyama eyiyeYakhe, amathambo akwamanye, uMoya okwamnye, into yonke ekwanye, nje ngokuchanekileyo eyakhiweyo, kwaye abo babini baze babe banye. Lide ibandla libe yilonto, ababanyanga. Isimilo Sakhe, iLizwi, lesisigaba, kufanele sibunjwe. Kufanele libunjwe njengoko Akuko.

¹⁸⁶ Ngoku, ekuvaleni, ndifuna ukutsho isizathu sokuba ndizitsho ezizinto, kwaye ndiya—ndiyakuvala. Ngobunye ubusuku, malunga nentsimbi yesithathu ekuseni, ndavuswa.

¹⁸⁷ Ndithabatha nabani kuni aphenjule oku. Ndakhe ndanixelela nantoni na eGameni leNkosi ingeyiyo elungileyo? Yasoloko iyelungileyo. [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ke ndincece, uThixo uyayazi leyo yinyaniso. Akukho namnye, naphina ehlabathini, kumawaka ezinto ezakhe zaxelwa, apho Wakhe waphosa nelinye igama layo. Yasoloko isenzeka ngokugqibeleleyo.

¹⁸⁸ Nkqu nangelixa ndandisePhoenix, ngenye imini, okanye malunga nonyaka ogqithileyo yayinjalo, kwaye ndanixelela malunga nala Myalezo ku—ku *Kuxesha Liphi, Bahlekazi?* Kwaye ndanixelela, “IiNgelosi eZisixhenxe ziyakuhlangana phandle phaya,” kwaye ibe kukuvulwa kwala Matywina, kunye nokuphi. Kwaye apho u-ulindexesha i*Life* wabanalo inqaku layo, eliDangatya likhulu lihamba linyuka emoyeni, amashumi amathathu eemayile ukuphakama, amashumi amabini anesixhenxe eemayile ububanzi. Bathi babengenakuyazi ukuba yayiyintoni; abakayazi nangoku. Kwaye amadoda ahleli kanye apha kwesi sakhiwo ngobubusuku, ayemi kanye phaya kunye nam xa yenzeka, kanye ngokuchanekileyo oko Yakuthethayo. Wandixelela izinto ezazizakwenzeka, kwaye zenzeka kanye ngokuchanekileyo. Indlela iTywina ngalinye lavulekayo, kwaye axela imfihlakalo ezabe zifihliwe ukuhla ngezo zigaba zabahlaziyi kwaye njalo njalo, nje ngokugqibeleleyo.

¹⁸⁹ Kanjani, ndimi phezu kwenduli, amadoda, amathathu okanye amane awo emi apho akhoyo apha ngoku, ewe, ngaphezulu koko. Ukunyuka induli, uMoya oyiNgcwele wathi, “Chola ela litye.” Sasizingela. Wathi, “Ligibisele emoyeni, kwaye uthi, ‘ITSHO INKOSI.’” Ndayenza. Ezantsi ukusuka apho kweza ifanele encinci yomoya. Ndathi, “Ngeeyure ezingamashumi amabini anesine, niyakusibona isandla sikaThixo.” Amadoda ahleli kanye apha akhoyo ngoku.

¹⁹⁰ Kusuku olulandelayo, malunga nentsimbi yeshumi, simi apho, ndathi, “Zilungiseleleni. Ngenani ngaphantsi kwemoto phaya,” igqala. Ndathi, “Into ethile ilungiselela ukwenzeka.” Yayisisibhakabhaka esicwengileyo, phezulu kanye kumwonyo omkhulu. Ezantsi kweza isaqhwithi soMlilo usuka eZulwini,

unengxolo emandla nje ngokuba Wawunakho, wabetha iindonga ngolwahlobo. Nda—ndandimile kanye phantsi Kwawo. Ndothula umnqwazi wam, ndabamba intloko yam. Weza malunga neenyawo ezintathu okanye iinyawo ezine phezu kwam, kwaye wacanda umsele wagqobhoza kweladonga ngolwahlobo, waza wadubula. Waza wabuyela emva phezulu emoyeni, waza wajikeleza isangqa kwakhona, waphinda wabuya wehla, amatyeli amathathu, wacanda kwa imiphezulu yamatyholo emeskwito, kanganga makhulu amabini omlinganiselo. Baveni bona abafu besithi, “Amen”? Babelapho xa yenzekayo, yabona, kwaye yenza udubulo oluthathu.

¹⁹¹ Xa baphumayo ngaphantsi kweemoto kunye nakwinto yonke, babuyela, bathi, “Ukuba ibinokukubetha, bekungasayi kubakho chaphaza lamafutha.”

¹⁹² Ndathi, “Yayi—Yayi Nguye. Wayethetha nam.” UThixo uthetha ngesaqhwithi somoya. Yabona? Kwaye nantso kwaloo Ntsika yoMlilo oyibonayo emfanekisweni, imile phaya.

Kwaye xa Yenyukayo, bathi, “Yintoni?”

Ndathi, “Umgwebo ubetha kuNxweme lwaseNtshona.”

¹⁹³ Kusuku lwesibini ukusuka apho, i-Alaska yaphantse yazika. Yabona? Yabetha kwakanye, apho, isithonga sokuqala.

¹⁹⁴ Kuphi, kufanele wenze into ethile, ukuyifuzisela. Njengendoda igalela ityuwa embizeni, ze iyigalele emanzini, yaze yathi, “ITSHO INKOSI, makubekho amanzi amnandi.” Kwaye omnye, uYesu wakha amanzi waze wawagalela emphandeni, waze—waze wenza iwayini kuwo.

¹⁹⁵ Kufanele ukuba ube nento ethile, ukufuzisela. Yilonto leya yayiyiyo, eyenyukayo yaya emoyeni yaza yabuya yehla. Okuya kwaqalisa esa saqhwithi somoya. Kwiiyure ezingafikanga kumashumi amabini anesine, Yayishukumisa laa ntaba de yacanda uqolo ukuyijikela.

¹⁹⁶ UMfu. Mnu. Blair ehleli apha, ndijonge ngqo kuye ngoku, wayephezulu phaya kwaye wachola ezinye zeengceba zayo, njalo njalo. Nanku uTerry Sothmann, bona, kwaye bemi apha, kunye noBilly Paul. Kunye nabazalwana, abanye babaninzi babanye aba behleli apha, ababelapho kanye ukuyibona isenzeka xa Yayikrazulayo.

¹⁹⁷ Oko asiyontsomi. Oko yinyaniso. Oko kwakungekho emva kwimihla yeBhayibhile. Oko kungoku. Yabona? [IBandla lithi, “Amen,”—Mhl.] Laa Thixo mnye owayesoloko endibonisa ezi zinto, kwaye zenzeka, kanye ngokombhalo. Zange zasilela nangexesha elinye. Ngoku ndiyadlisela Ngaye.

¹⁹⁸ Kwiveki ezimbalwa ezigqithileyo, ndandikumbono. Kwaye ndandimile kwi—kwindawo ephakamileyo, kwaye ndandizakubona umfanekiso owandulelayo weBandla. Kwaye ndaqaphela, kusiza ukusuka kweyam...Ndandimi

ngakumbi nje *ngale* ndlela, ndijonge eNtshona. Kwaye kusiza *ngale* ndlela igquba elithandekayo labafazi, ilokhwe entle kakhulu, beneenwele ezinde zilungiswe kakuhle ngasemva, imikhono, neziketi zisezantsi kakuhle. Kwaye bonke bematsha ngolungelelwano, njengo, “Phambili, majoni obuKristu, matshelani nje ngasemfazweni, kunye nomnqamlezo kaYesu ukhokela phambili.” Kwaye njengoko babegqitha, ndema, kwaye kwakukho Into ethile apho, uMoya othile, yayinguThixo, wathi, “Nanko uMtshakazi.” Kwaye ndajonga, kwaye intliziyo yam yayivuya. Kwaye Wayokujikela *ngale* ndlela, waze wagqitha ngasemva kwam.

¹⁹⁹ Emva kwethuba, xa ebuyela umva *ngale* ndlela, Yathi, “Ngoku ibandla lalemihla liza kuza kumboniso wokwandulela.” Kwaye nako kusiza ibandla lase Asiya. Andizange ndibone elinjeya ukungcola igquba.

²⁰⁰ Naku kusiza amanye amabandla, ezizwe ezahlukeneyo. Bakhangeleka babi kakhulu.

²⁰¹ Kwaye ndi—ndikutsho oku ngokuba ndibophelelekile ukuba ndixele inyaniso, phambi koThixo. Kwaye xa Wathi, “Naku kusiza ibandla lase Merika ngoku, ukuba libonwe ngokwandulela.” Ukuba ndakhe ndabona igquba labatyholi, yayi yilonto. Abo abafazi babehlutywe beze, kunye nento endala ekhangeleka ngewvu, njengebala lesikhumba sendlovu. Kwaye babeyibambile ingaphambi kwabo, kungekho nto ingumphezulu wayo kwaphela. Kwaye babesenza olu hlobo lwento, ukuba, le—le midaniso abayenzayo aba bantwana phandle phaya, okwa kuzibhijabhija kunye nezinto, kunye nolwahlobo lomculo luqhubeka. Kwaye xa ndabona uNkosazana U.S.A. esiza, ndaphantse ndafa isiqqa.

²⁰² Ngoku, lona ngu ITSHO INKOSI. Ukuba niyandikholelwa ukuba ndisicaka Sakhe, niyandikholelwa ngoku. Andiyikutsho oko ngelize ehlabathini. Akukho mali yaneleyo kwihlabathi lonke yokundenza ndikutsho oko ukuba bekungeyiyo inyaniso.

²⁰³ Kwaye xa wagqithayo, yayiye yona nto ikhangeleka ngcolileyo endakhe ndayibona. Ndacinga, “Thixo, ngendlela abashumayeli kunye nathi bazalwana basebenzileyo ukukufumanela Wena uMtshakazi, kwaye oko kokungcono ebesinokwenza.” Wayezibhijabhija, ebanbe *lena* phambi kwamalungu akhe, njengenye yezi zikayiti zichiziveyo yento, iyibambe phambi kwamalungu akhe, ilungu lakhe langasezantsi, *ngolu* hlobo, bedanisa kwaye bezibhijabhija njengabantwana benzayo phandle phaya kwe...kwekrwada imiboniso abanayo, bezibhijabhija. Lowo yayingu Nkosazana buKristu we Merika.

²⁰⁴ Ngoko ndincede, ngoncedo lukaThixo, yilonto yakhangeleka ngayo ebusweni Bakhe. Nda—nda...

ndaqalisa...nje ndandifanele ukufa isiqaqqa. Ndacinga, “Yonke imizamo, kunye nokushumayela, nokucenga?” Wonke kubo eneenwele ezingothulweyo, kwaye babezibhijabhija kwaye beqhubeka, bebambe *le* ngaphambili. Beza kujikela, apho ndandimi khona apho kunye nesiSiqu singaphezu kwendalo. Zange ndibenakho ukumbona Yena. Ndamva Yena ethetha nam; wayekho ecaleni kwam. Kodwa xa bajika *ngale* ndlela, babamba *le*. Kwaye bezibhijabhija nje kwaye behleka behamba, beqhubeka nje ngolohlobo, bebambe *le* phambi kwabo.

²⁰⁵ Ngoku, mna ndimi ebuKhoneni Bakhe apho, kunye nesicaka Sakhe. “Kwaye kunye nako konke endikuzamileyo, oko kokungcono ebendinokwenza?” Ndacinga, “Thixo, kokuphi okulungileyo ekwenzileyo kum? Kokuphi okulungileyo ekwenzileyo? Konke ukukhala, nokungqiba, nokucenga, kunye nemiqondiso emikhulu nezimanga nemimangaliso othe Wayibonisa. Kwaye indlela endime ngayo phaya, kwaye ndigoduke ndize ndilile emva kokushumayela kubo kunye nezinto, kwaye kokuphi okulungileyo ekwenzayo kum? Kwaye kufanele ndinikezele into enjalo kuWe, ngokoMtshakazi?”

²⁰⁶ Kwaye njengoko ndandimile apho, ndijongile, wagqitha ngasecaleni. Kwaye ungafane ucinge icala lakhe lomhlana, lingenanto, ebambe *le* ngaphambili kwakhe njengoko wayehamba etyityimba, ngoko lwahlobo, ngoku kuzibhijabhija, elahla amalungu akhe omzimba ngoko lwahlobo. Kwaye, eyakhe, owu, yayikrwada, indlela awayeqhubeka ngayo, umzimba wakhe ushukuma ngoko lohlobo. Ngoku ndi...

²⁰⁷ Uthi, “Ithetha ntoni, Mzalwana uBranham?” Andiyazi. Ndikuxelela nje endakubonayo.

²⁰⁸ Kwaye xa wagqithayo ngoko lwahlobo, ndamjonga. Owu, ndaba nje ngofa isiqaqqa ngenene. Ndajika nje. Ndacinga, “Thixo, ndohlwayiwe. Aku—akukho sidingo sokuba ndizame ngoku kwakhona. Ndingasuke nje ndiyeke.”

²⁰⁹ UNksk. Carl Williams, ukuba uhleli apha, kunye nela phupha ondixelele malunga nalo, ngethuba eligqithileyo, owaba nalo ngobunye ubusuku, ebelikukhathaza, nalo lilo. Ivili lokuqhuba lithatyathiwe esandleni sam.

²¹⁰ Emva koko, ndacinga nje, “Ndi—ndingasuka nje ndilibale.” Ndandiphelile.

²¹¹ Emva koko, konke ngaxeshanye, ndeva Isiza kwakhona. Kwaye isiza *kweli* cala kusiza kwa uMtshakazi okwamnye owaphuma *ngale* ndlela. Nako kusiza amanenekazi amancinci kwakhona, kwaye ngamnye kuwo enxibe ngokwesambatho selizwe lakhe salapho aphuma khona, njenge Switzerland, Jamani, na njalo njalo, ngamnye kubo enxibe olwahlobo

lwesambatho, konke kuziinwele ezinde, nje ngokuchanekileyo ngohlobo awayelilo ekuqalekeni. Kwaye nabo babesiza, behamba. “Phambili, majoni obuKristu, matshani nje ngasemfazweni.” Kwaye xa bagqithayo bonke ngakwindawo yesanduleli apho sasimi khona, nje konke ngaxeshanye, onke amehlo aya ngalaa ndlela. Kwaye emva koko ajika umva, kwaye nabo behamba, bematsha.

²¹² Kwaye njengokuba baqalisayo ukuya phezulu esibhakabhakeni, omnye lo waya kumngcipheko wenduli waza waya ezantsi, *ngolo* hlobo.

²¹³ Aba baqalisa ukumatsha benyuka besiya esibhakabhakeni. Kwaye xa baya ekumatsheni, ndaqaphela iqelana lamantombazanana ngasemva, ekhangeleka ngathi bangaba yintombazana ethile engumphambukeli, njenge Sweden okanye iSwitzerland, okanye ndaweni ithile. Aqalisa ukubhekabheka, aze afumana...Ndathi, “Sanukuyenza lonto! Sanukuphuma kwela nyathelo!” Kwaye njengoko ndandikhwaza ngolwa hlobo, ndafika ku, embonweni, ndimi apho kunye nesandla sam ngaphandle *ngolwa* hlobo. Ndacinga, “Kulungile... ”

²¹⁴ Seso sizathu ndikutshilo oku ndinako, ngobubusuku. Ndifuna ukunibuza umbuzo. Ingaba liphelile ixesha kunokuba sicinga? Kungaba Sele ebiziwe kwaye wakhethwa, watywina wemka? Akusayi kuba khona omnye ngaphezulu, niyazi. Ingaba inokwenzeka? Owu, ehe. Owu, ehe.

²¹⁵ Khumbula oko ndikutshiloyo, ngenye imini kwisidlo sakusasa. Kumungu wokuvelisa amaduna namathokazi, kukho izigidi zembewu ephumayo, izigidi zamaqanda aphumayo. Kodwa kukho elinye kuphela kuwo elithi liphile, kwaye, nakuba kunjalo, onke ayafana: linye kwisigidi. Onke ngamanye kuwo, amaqanda akwamanye kwaye imbewu ekwaluhlobo olunye. Elinye layo liyaphila. Enye yonke iyafa.

²¹⁶ Akukho namnye unokuxela leliphi eliliqanda elivuthiweyo, kwaye, owu, iyintoni. UThixo kumele agqibe ngoko, nokuba iyakuba yinkwenkwe okanye intombi, gwangqa okanye nwele zimnyama, okanye nantoni eyakuba yiyo. UThixo uyagqiba ngoko. Asinguye owokuqala ukudibana, koko ngowokuqala uThixo agqibe ngaye. Mhlawumbi omnye uza *apha*, kwaye omnye... Ukuba wakhe waqaphela, kwizingxotyana zokuvavanya, uzibone zona zihlangana. Ndakhe ndazibukela. UThixo kumele agqibe ngoko. Omnye, bonke kubo, befana nje, kodwa ngokonyulo. Uzalo lwenyama lungonyulo. UThixo uthabatha abemnye kwisigidi.

²¹⁷ Xa uSirayeli washiya iYiphutha, kwindlela yabo ukuya kwilizwe lesithembiso, babemalunga nezigidi ezimbini zabantu. Wonke ubani kubo wayephantsi kombingelelo omnye wemvana, okanye babengenakuphila. Bonke kubo

baphulaphula uMoses, umprofeti. Bonke kubo babhaptizelwa kuye, kuLwandle oluBomvu. Bonke kubo badanisa, abafazi kunye noMiriyam, besihla benyuka ecaleni ko (xana) nxweme, xa uThixo watshabalalisa utshaba. Bonke kubo bema noMoses, baza bamva ecula ekuMoya. Ba, bonke, badla imana ngaphandle entlango, eyawa phantsi isuka eZulwini. Imana entsha, ngabusuku ngabunye, ntoleyo engumfuziselo woMyalezo, wonke kuba badla kuyo. Kodwa, kwizigidi ezibini, bangaphi abaphumelelayo? Isibini. Isinye kwisigidi.

²¹⁸ Kukho malunga namakhulu amahlanu ezigidi zamaKristu kwihlabathi lonke ngobubusuku, ubale iKatolika nabo bonke. Amakhulu amahlanu ezigidi osinga makholwa ehlabathini. Ukuba uXwilo luyafika ngobubusuku, oko kuyakuthetha... ukuba isinye kwisigidi yayikukubala. Anditsho ukuba yiyo. Kodwa ukuba yayi yiyo, amakhulu amahlanu abantu, kwiyure ezizayo ezingamashumi amabini anesine, ayakuduka. Akusayi kuva nokuva ngayo. Kuyakubakho abo baninzi badukileyo, nakanjani, akunakunikwa nangxelo ngabo.

²¹⁹ Ngoko isenokwenzeka, yenzeke kuthi, sihlobo, njengoko yenzekayo xa uYohane umBhaptizi wazayo. Nkqu nabafundi bathi, “Kutheni iZibhalo zithe, aba—abapostile okanye abaprofeti besithi, kutheni isitsho ukuba u-Eliya uqala afike aze azibuyisele izinto zonke?”

²²⁰ Wathi, “Ndithi kuni u-Eliya sefefikile, kwaye anikwazanga oko.”

²²¹ Ngenye yezi mini singashiywa sihleli apha, “Malunga nantoni noXwilo ngaphambi kwentshutshiso ifike?”

“Sele ifikile kwaye anikwazanga oko.”

²²² Wonke uMzimba, utywinelwe ngaphakathi, yigcine nje Ikwinyathelo. Anditsho ukuba ingala ndlela. Ndiyathemba ayikho ngala ndlela. Kodwa, sihlobo, xa isenza... .

²²³ Ukuba sifumana ukuchukumisa ezintliziyweni zethu, ngobubusuku, sokuba silungise ubomi bethu, kunye nezinto esizenzileyo, mandikucebise, njengomlungiseleli womzalwana. Ndizakutsho oko okokuqala, kwipulpiti. Ndolulile ndayitsala ngobubusuku, kuLe, kunokuba ndisenza nakweyiphi engenye, nangaliphi ixesha, nakanjani, phambi kwabantu, ngokuba ndibe nenkululeko enkulu kule mihlangano. Ukuba niyandikholelwa ukuba ndingumprofeti kaThixo, phulaphulani koko ndinixelele kona. Ukuba kukho ukunkenteza okuncinci okuvayo entliziyweni yakho, kufanele uye kuThixo kanye ngoku. Yenze.

²²⁴ Yimani nje okomzuzwana, madoda. Jongani kwimigaqo yenu—yenu eniyikhonzileyo. Jongani kwicawa zenu. Ingaba zingokuchanekileyo kunye neLizwi likaThixo? Ingaba niyizalisile yonke imfuneko? Uthi, “Ndiyindoda elungileyo.” Naye wayenjalo uNikodimo, kwaye babenjalo bonke. Ba—babelungile. Yabona? Lonto ayinanto yakwenza Nayo.

225 Kwaye, bafazi, ndifuna nijonge esipilini, kwaye nijonge oko uThixo afuna umfazi akwenze. Nibone kwisipili sikaThixo, hayi kwisipili secawa yenu ngoku, kwisipili sikaThixo; kwaye nibone ukuba ungaphumelela, ebomini bakho, uMtshakazi wokomoya kaYesu Kristu.

226 Bashumayeli, cinga kwa into enye. Niyophulela *apha*, ukukhusela imvakalelo zomntu othile ngaphesheya? Ingaba ungayenza *lento* ukuba bekunga...kwaye bayakukhupha ecaweni? Ukuba uziva ngala ndlela, mzalwana wam othandekayo, mandikuyale, eGameni likaYesu Kristu, baleka kulo nto kanye ngoku.

227 Kwaye, nenekazi, ukuba akunakuzilinganisela kwimfuneko yomKristu, hayi nje umKristu ngegama; kodwa entliziyweni yakho, kunye nobomi bakho bungqamene ngokuchanekileyo njengephepha lomtshato kaThixo apha elithi kufanele ubenjalo.

228 Kwaye, lungu lecawa, ukuba icawa yakho ayikho ngolo hlobo, ayinakulinganiselwa kwimfuneko zikaThixo zeLizwi Lakhe, phuma kuyo kwaye ungene kuKristu.

229 Sisiyalo esindilisekileyo. Asazi kuxesha liphi, kwaye akwazi kuxesha liphi, lokuba esisixeko ngenye imini siyakube silele emazantsi yolu lwandle.

230 “Owu, Kapernahum,” watsho uYesu, “wena uziphakamisele ezulwini, uyakuthotyelwa esihogweni. Ngokuba, ukuba imisebenzi yamandla inge yenziwe eSodom naseGomora, inge ihleli kwada kwaba namhla.” Kwaye iSodom, iGomora zilele ngaphantsi koLwandle oluFileyo. Kwaye iKapernahum isemazantsi olwandle.

231 Wena sixeko, ubanga ukuba usisixeko seeNgelosi, oziphakamisele ezulwini, kwaye wathumela bonke ubumdaka, nezinto ezingcolileyo zefashoni kunye nezinto, de namazwe angaphandle aze apha ukuza kuchonga ukungcola kwethu zize zikuthumele kude, kwicawa zenu ezintle nezinamaphondo ezakhiwo, na njalo njalo, ngendlela enenza ngayo. Khumbulani, ngenye imini uyakube ulele ngaphantsi kolwandle, imingxunya yenu emikhulu engaphantsi kwenu kanye ngoku. Ingqumbo kaThixo iyaqhuma kanye ngaphantsi kwenu. Kuyakude kube nini Eyakuwubamba umqolo wentlabathi ujinga phaya phezu kokuya? Xa, olwa lwandle ngaphaya ngaphesheya, imayile ubunzulu, luyakurhubulaza apha, lugqobhozela kwiLwandle iSalton. Iyakuba mandundu kunomhla wokugqibela wePompeii. Guquka, Los Angeles.

232 Guqukani, nina nonke, nize nibuyele kuThixo. Iyure yengqumbo Yakhe iphezu komhlaba. Balekani ngelixa lisekho ixesha lokubaleka, kwaye nize kuKristu.

Masithandazeni.

²³³ Thixo othandekayo, xa, emoyeni wam, ushukuma, intliziyo yam iphalaza amathontsi enyembezi zokuyala. Siphe, Owu Thixo, ukuba amadoda kunye nabafazi abayikucinga ukuba endikutshiloyo kusionhlo, kwaye abantu bebandla abayikucinga ngayo njengento ethile edelelayo okanye echasene nabo. Banga bangabona, Nkosi, iseluthandweni.

²³⁴ Wena unabo ubungqina bam, Thixo Somandla, bokuba ukuhla ndinyuka kolunxweme ndihambile, unyaka emva konyaka, ndibabaza iLizwi Lakho. Ndingqinele, Owu Thixo, ukuba iyakwenzeka ngobubusuku, ndiyixelile iNyaniso. Wena uyawazi umbono woMtshakazi uyiNyaniso. Ndithathe iGama Lakho ngawo, Nkosi, kwaye ndathi yayingu ITSHO INKOSI. Kwaye ndiziva ukuba ndisezingqondweni, Nkosi, yoku ndikwenzayo.

²³⁵ Ke ngoko ndiyaKuthandaza, Nkosi, eGameni likaYesu, benze abantu bazidlikidle, ngobubusuku, baze babaleke emsindweni oyakuza, ngokuba u-Ikabhote ubhaliwe eludongeni nasezizweni. Uphawu olumnyama olunemigca luzile lwasinqumleza. UMoya kaThixo wenziwe buhlungu wemka kuso, kwaye bayalingwa ezikalini baza bafunyanwa belula. Isidlo sikaKumkani uNebhukadinetsare siphindiwe kwakhona, kunye neembutho zentselo kunye nabafazi benxibe ngokungaphelelanga, bazibiza ngokuba ngamaKristu.

²³⁶ Owu Thixo waseZulwini, yiba nenceba phezu kwesizwe esinesono kunye nabantu abanesono, Nkosi, njengokuba sinjalo ngobubusuku. Thixo, ndiyazama ukuma ethubeni kwaye ndicele inceba eNgcwele, yokuba Uyakuthetha nesisihlewele ngobubusuku kwaye ubizele uMtshakazi Wakho ekuhoyeni, Nkosi, ukuba amatshe hayi ngomqondiso nokuba ngowawuphi umgaqo, kodwa ngesandi seVangeli yeNkosi uYesu Kristu. Siphe, Owu Thixo. Makwezeke, ngobu busuku, ukuba Wena unguThixo, kwaye neLizwi Lakho yiNyaniso. Ngelixa, ngokundilisekileyo, ebusweni baba bantu, sibabizela ekuhoyeni kwiLizwi Lakho.

²³⁷ EGameni likaYesu Kristu, ndiyabathandazela, Nkosi. Bakubonile Wena, ngaphandle kwesithunzi sentandabuzo, uhamba phakathi kwezihlele zabo kwaye ubaxelela into esezintliziweni zabo. Kwaye Wena waziyo, Nkosi, ukuba, kanye ngoku, into eqhubekayo. Wena waziyo oko ukuba yiNyaniso, Owu Thixo. Kwaye ndiyathandaza Kuwe, eGameni likaYesu, yenza uMoya oyiNgcwele uthethelele kwakhona, Nkosi, kwaye utsale kwesihlewele, Nkosi, abo babhaliweyo kwiNcwadi yeMvana yoBomi. Siphe, Owu Thixo. Ndithandaza ngentliziyo yam yonke.

²³⁸ Aba bantu, ngokwasenyameni, Nkosi, banokundinika ipeni yabo yokugqibela abanayo, ukuxhasa uMyalezo. Banokwenza nantonina abanokuba nako. Kodwa, Owu Thixo, xa ifika

ekumelaneni naYo, nokuza kuYo, ndiyathandaza, Thixo, ukuba oku iyakuba bubusuku Oyakubavuzwa kwaye uthulule uMoya Wakho oyiNgcwele phezu kwalekomfa. Kwaye kunga kungangabikho kuququzela okanye ukuxhumaxhuma, kodwa ukulila nokukhala, nokuguquka, ukubambelela ezimpondweni zesibingelelo, ngelixa sibona umgwebo urhubuluza phantsi kwethu, ngobubusuku. Siphe, Thixo. Ndiyathandaza nje ngokunyanisekileyo njengoko ndisazi kanjani, eGameni likaYesu Kristu.

²³⁹ Mzalwana wam, dade, a—andazi ukuba kokuphi okunye endinokutsho, ukuba ndifumane inceba ebusweni benu, ngamandla kaThixo, ukuba niyakholwa ndim ukuba ndingumprofeti Wakhe. Eli lixesha lokuqala esidlangalaleni ndikutsho oko. Kodwa ndiva ukuyala okungaqhelekanga kokuthile. Andiqhelananga noku. Niyazi andinjalo. Andiziphathi ngoluhlobo. Ndiyongena ukuwuthetha la Myalezo kwaye nditsho ezo zinto. Ndiyagwegweleza kunye nayo yonke enye into, ndibaleka ekwenzeni lonto. Kodwa Ithethiwe, kwaye Iyakuma ngoMhla woMgwebo, njengobugqina bokuba ndixele iNyaniso. Lowo ngu ITSHO INKOSI UTHIXO! . . . ? . . .

²⁴⁰ Owu, Pentekosti, balekelani ubomi benu. Balekelani ezimpondweni zesibingelelo kwaye nikhale, phambi kokuba liphele ixesha, ngokuba iyure iyakuza xa unokukhala kwaye ingancedi nto. Ngokuba u-Esawu wazama ukufumana indawo, yobunkulu bakhe, kwaye akazange ayifumane. Ndiyaninikela, owu, California. Owu, nkomfa yaMadoda angooSomashishini beFull Gospel, endibathandayo, abo ndibashiyileyo kwaye ndazibophelela kubo, ngentliziyo yam yonke, ndininikela kuYesu Kristu, ngobubusuku. Balekelani kuYe! Sanukuvumela umtyholi nanini anipholise anisuse Koku. Hlalani kanye Nayo nide nibe, nonke, nigwaliswe nguMoya oyiNgcwele, kangangokuba, oko kuyakunenza nize kweli Lizwi, eliyakunenza nina nabafaza nilunge, eliya kunenza nina madoda nilunge. Ukuba uthi unoMoya oyiNgcwele, kwaye ungakwazi kumelana neLizwi, ngomnye umoya okuwe. UMoya kaThixo useLizwini Lakhe, uMkhululirha, iLizwi elithanjisiweyo. UMtshakazi kufanele abe buMkhululikazi, iLizwi elithanjisiweyo.

²⁴¹ Masime ngenyawo zethu, eGameni leNkosi uYesu Kristu. Ukuba aniyi kuliva ilizwi lam kwakhona. . . Kodwa, uThixo ethandile, ndiya e-Afrika, kwiyure ezimbalwa. Ndingangaphindi ndibuye. Andazi. Kodwa ndiyakuxelela, ngentliziyo yam yonke, ndikuxelele iNyaniso. Andikhangane ndikubaleke ukudandalazisa kuni yonke into athe uThixo wandixelela ukuba ndiyitsho. Kwaye ndiyitsho Yona eGameni leNkosi.

²⁴² Lithuba elindilisekileyo. Andazi mandilichaze kanjani. Ndizamile ukushiya ipulpiti amaxesha amathathu okanye

amane, kwaye andikwazi kuyenza. Lena yiyure endilisekileyo. Ungaze uyilibale. Eli lixesha lokuba, mhlawumbi, uThixo wenza ubizo Lwakhe lokugqibela. Andazi. Uyakwenza ubizo Lwakhe lokugqibela, ngenye imini. Nini? Andazi. Kodwa ndiyakuxelela, ngokwala mbono, ikhangeleka ngolo hlobo lokuba laa Mtshakazi umalunga nokugqitywa.

²⁴³ Jonga kwiicawa ezincinci zisiza ngaphakathi. Xa intombi eleleyo isiza kufuna i-Oli, yahluleka ukuyifumana Yona. UMtshakazi wangena ngaphakathi. UXwilo lwenyuka. “Ngelixa babeye kuthenga i-Oli, uMyeni wafika.”

²⁴⁴ Ingaba ulele? Vuka, ngokukhawuleza, kwaye ubuyele ezingqondweni. Kwaye masithandaze, wonke ngamnye, njengokungathi siyafa kulo mzuzu, eGameni leNkosi. Makathi, wonke ngamnye, athandaze ngendlela yakhe.

²⁴⁵ Thixo Somandla, yiba nenceba phezu kwethu. Nkosi, yiba nenceba kum. Yiba nenceba kuthi sonke. Kokuphi okulungileyo ekwenzayo, akukhathaliseki nokuba senza ntoni, ukuba siyohluleka kwezi zinto? Ndimi ndicela inceba, Owu Thixo, ngaphambi kokuba esisixeko sikhulu sizike ngaphantsi kolwandle kwaye umgwebo kaThixo utshayele olunxweme. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakubiza uMtshakazi Wakho. Ndibanikela kuWe ngoku, eGameni likaYesu Kristu. Amen. 🙏

UKUKHETHWA KOMTSHAKAZI XHO65-0429E

(The Choosing Of A Bride)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngoLwesine ngokuhlwa, ngo Epreli 29, 1965, kwiFull Gospel Business Men's Fellowship International Convention, eBiltmore Hotel, eLos Angeles, California, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2015 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org